




The
Playhouse
Company

an agency of the
Department of Sport, Arts & Culture

Ingxelo yonyaka 2020/21





Iziqulatho

Indima A: linkcukacha Gabalala

2

1. linkcukacha gabalala zeziko likarhulumente 2
2. Izifinyezo/Amagama akhiwe ngoonobumba bokuqala 2
3. Inkcazelo Enobuchule 2
4. Amagunya omthetho namanye 3
5. Ubume bezikhundla zeli ziko 4
6. Ingabula-zigcawu kaSihlalo 5
7. Ingxelo emfutshane yeNgqonyela 6
8. Ingxelo yokuthabath'uxanduva nokuqinisekisa ukuchaneka kweNgxelo yoNyaka 25

Indima B: linkcukacha Zokusebenza

26

1. Ingxelo yokuthabath'uxanduva lweenkcukacha zokusebenza 26
2. Ingxelo yoMphicothi-zincwadi: linjongo ezimiswe ngenx'engaphambili 27
3. linkcukacha zokusebenza kwenkqubo nganye 27
4. Inkqubela yokuphumelelisa impembelelo yeziko kunye neziphumo 28
5. linkcukacha zokusebenza kwenkqubo nganye 29
6. Isishwankathelo seenkcukacha zemali 37

Indima E: linkcukacha Zemali

49

1. Ingxelo yokuthabath'uxanduva nokuqinisekisa ukuchaneka kwengxelo yonyaka 49
2. Ingxelo yeNgqonyela noMlawuli wezobugcisa 50
3. Ingxelo enikwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele ngePlayhouse ePalamente 51
4. Ingxelo zemali zonyaka 54

Indima C: Ulawulo

38

1. Intshayelelo 38
2. IBhunga 38
3. Ulawulo lobungozi 41
4. Icandelo lolawulo lwangaphakathi 41
5. Icandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi 41
6. Ikomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo 42
7. Ukuthobela imithetho nemimiselo 42
8. Ubuqhophololo norhwaphilizo 42
9. Ukucutha imbambano yemidla 42
10. Umgaqo wokuziphatha 42
11. Imiba yezempilo, eyokhuseleko neyokusingqongileyo 43
12. Uxanduva lwasekuhlaleni 43
13. Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi 43
14. Isikhokelo sokunik'ingxelo samasebe namaziko karhulumente 46

Indima D: Ulawulo lwemicimbi

Yabasebenzi

47

1. linkcukacha-manani zecandelo lemicimbi yabasebenzi 47

Indima A: Tinkcukacha Gabalala

1. linkcukacha gabalala zeziko likarhulumente

Igama elibhaliswe ngalo:	The Playhouse Company
Idilesi elizinze kuyo:	29 Acutt Street, Durban, 4001
Idilesi yeposi:	P O Box 5353, Durban, 4000
Inombolo yomnxeba:	+27 (0)31 369 9555
Inombolo yefeksi:	+27 (0)31 306 2166
Idilesi ye-imeyili:	cfo@playhousecompany.com
Idilesi ye-website:	www.playhousecompany.com
Abaphicothi-zincwadi bangaphandle:	nguMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika
Ibhanki:	First National Bank

2. Izifinyezo/Amagama akhiwe ngoonobumba bokuqala

CEO	iNgqonyela
CFO	iGosa eliyiNtloko yezeMali
DAC	iSebe lezobuGcisa neNkcubeko
PFMA	uMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente
MTEF	Inkqubo-sikhokelo yenkcitho yombindi-sigaba
SAWAF	uMnyhadala wezobugcisa wamanina eloMzantsi Afrika
SCM	icandelo lolawulo lothungelwano lweenkonzo

3. Inkcazelo enobuchule

3.1. Umbono

Ukuphambela nokumiliseka ukugqwesa kwezobugcisa nakwiyantlukwano yenkcubeko kubugcisa obuboniswayo.

3.2. Umsebenzi

Umsebenzi wePlayhouse Company oza kuyinceda ukuze izalisekise lo mbono ulapha ngasentla ngulo: Siphucula, sikhuthaza yaye silondoloza ubugcisa obuboniswayo ngokwenza ezi zinto zilandelayo:

- Ukulinganisa iagenda yokuzis'iinguqu nolungelelwaniso lwezoqoqosho ngendlela eqhubela phambili umanyano lwabantu ngokwentlalo nokwakha isizwe;
- Ukulinganisa iagenda yokuzis'iinguqu nolungelelwaniso lwezoqoqosho ngendlela eqhubela phambili umanyano lwabantu ngokwentlalo nokwakha isizwe;
- Ukuvelisa nokubonisa iimveliso ezinobuchule, ezonwabisayo nezifundisayo;
- Ukuxhasa iinzame zokufundisa ngezakhono zobomi nokukhuthaza uthando lwezobugcisa ngeenkqubo zobugcisa, uphuhliso lwezakhono zamagcisa nokuqeqesha abasebenzi;
- Ukuqinisekisa ukuba ababukeli bethu bafumana amava akumgangatho ophezulu nokuvulela amathuba iintlanga ngeentlanga, iinkcubeko ngeenkcubeko kunye nabantu abakumanqanaba ahluka-hlukeneyo; kunye
- Nokulondoloza iziko eliyibhakana yembali iPlayhouse Company.

3.3. Inqobo ezisemgangathweni

Ubuchule bokuyila nezinto ezintsha

Sikubeka phambili ukucinga ngobuchule nokuqalis'izinto ezintsha nembonakalo equka iinkalo ngeenkalo zobuhle belizwe lethu.

Ukugqwesa kunye nokuthembeka

- Sizimisele ukusebenza ngokufezekileyo nangokugqibeleleyo yaye siyandise ngamandla imveliso yethu.
- Sizimisele ixesha xa sisebenza yaye sisebenzela ukuzifezekisa zonke iinjongo.
- Sizibophelele ekubeni siziphathe ngendlela esesikweni yaye asiyinyamezeli tu intswela bulungisa nokubukulwa kwabantu nokokuba kungaluphi na uhlobo.
- Siyabalasela emsebenzini wethu yaye siyafunda kwiimpazamo esizenzayo.

Ukwahluka

- Siyayihlonela indlela abantu abazibonakalisa ngayo ngokwenkcubeko nangobugcisa obukhuthaza ubulungisa boluntu.
- Siwaqhubela phambili amalungelo wabantu ababuthathaka kwaye siyakukhuthaza ukufikelela kwabo kwiinkqubo nakumaziko ethu.

Ukuzinza

- Amehlo wethu siwajolise kwingomso kungoko silugqala ngawo onke amaxesha uzinzo lweziko oluqhubekayo.
- Sisebenza ngenkuthalo ukuqinisekisa ukuba sithe gqolo ukuba ngungqa phambili kwimiboniso eboniswa ngqo ethiyetha.

Sinobuntu

- Sizama kangangoko sinako ukusebenza ngenkathalo, ngovelwano, ngembeko nangokucingela ukuphatheka kakuhle kwabasebenzi, abathengi kunye nabathathi-nxaxheba.
- Sisebenza ngokuzinikela ukuze sigcine okusingqongileyo kukhuselekile yaye kusempilweni, sikhusele impahla yethu yexabiso nezixhobo ezinqabileyo, siphuhlise abantu yaye sikhuthaze ukuphila ubomi obunempilo nobulinganayo bangasese nobasemsebenzini

4. Amagunya omthetho namanye amagunya

Isahluko sesi-8(5) soMthetho wamaZiko eNkcubeko we-119 ka-1998 sinika iPlayhouse Company uxanduva lokuphucula, ukukhuthaza nokulondoloza ubugcisa obuboniswa eMzantsi Afrika. Ukusebenza kweziko iPlayhouse Company kulawulwa yimithetho eliqela equka le ilandelayo:

- UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (iPFMA);
- UMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso (iDORA);
- UMthetho wamaZiko eNkcubeko;
- UMthetho woKhuseleko lwaBathengi (wama-68 ka-2008);
- UMthetho weNkqubo-sikhokelo yoNxulumano lwamaSebe kaRhulumente (we-13 ka-2005);
- UMthetho woNxulumano naBasebenzi (LRA);
- UMthetho weeMeko ezisisiseko zoMsebenzi (iBCSA);
- UMthetho woKhuseleko nezeMpilo eMsebenzini (i-OHSA);
- UMthetho weMimiselo yoLawulo jikelele (GARA);
- UMthetho oKhuthaza ukufikelela kuLwazi (iPAIA);
- UMthetho oKhuthaza ukwenziwa koBulungisa (PAJA);
- UMthetho woBulungisa kwezeNgqesho;
- UMthetho oKhusela iiNkcukacha zomntu ngenkqu;
- Yonke imimiselo, imiyalelo neenkqubo-sikhokelo ezipapashwe nguNondyebo; kwakunye
- Nayo yonke imithetho yedolophu kaMasipala nemithetho yengingqi echaphazela iPlayhouse Company nendlela esebenza ngayo.




Amalungu eBhunga

09 kweyoMnga ngo-2020 – 08 kweyoMnga ngo-2023

Abangaphambili: Mnu Dumisani Ngema (uSekela Sihlalo), Nkszn Khwezi Kunene (uSihlalo), uNkszn Linda Bukhosini (iNgqonyela noMlawuli wezoBugcisa)
 Abangasemva: Nkszn Tholakele Dlamini, Gqr Rajendran Govender, Mnu Scelo Dlamini, Nkszn Thandeka Mngadi, Adv Motlatjo Ralefatane

5. Ubume Beziko



6. Ingabula-zigcawu kaSihlalo

Ndiziva ndinemincili nelunda xa ndinika le Ngxelo yoNyaka wama-2020/2021 equlethe iziphumo zokusebenza ezibalaseleyo ezibonisa ukuqeqesheka kwabantu abenza umsebenzi. Uxanduva esilunikiweyo siluphumezile ngokungqinelana neenjongo zethu ezinobuchule yaye ifuthe lomsebenzi esiwenzayo eluntwini ngokubanzi liyancumisa. Noxa siphila kumaxesha aguquguquka ngamandla ngenxa yeCovid-19 kunye nezithintelo ezinxulumene nalo bhubhane, eli ziko lithe gqolo ukubambelela kumbono walo 'wokuphambela nokumilisa ukugqwesa kwezobugcisa neyantlukwano yenkcubeko kubugcisa obuboniswayo'. Kuye kuthiwe ngaphaya kwelifu elimnyama kukho ukukhanya yaye loo nto ixela ukuba nokokuba ngaba imeko ingaba maxongo kangakanani na kodwa ikho into entle evelayo kuyo.

Phakathi kweemveliso ezibalaseleyo esizibonisileyo kukho kuzo iLadysmith Black Mambazo & Mbuso Khoza & Afrikan Heritage Ensemble; i-Cape Town City Ballet - Back on Stage; The Broadway Review. Senze iinzame sathabatha namanyathelo afanelekileyo ukuze siqinisekise ukuba amagcisa kunye neendawo zethu zemiboniso zikhuselekile ukulungiselela ababukeli.

Ngenxa yezithintelo zeCovid-19 liye lehla ngamandla inani lababukeli ababukela imiboniso kwiindawo zemiboniso kuba kuye kwanyanzeleka ukuba sithobeke imiqathango yamanani amiselweyo. Noxa kunjalo oku kusivulele ithuba lokubonisa iimveliso zethu kumajelo onxibelelwano kawonke-wonke nto leyo ithe yawonyusa amanani ababukeli. Siyayivuyela kakhulu le mpumelelo kangokuba sizimisele ukuzibonisa ngamandla iimveliso zethu.

Iyonke le mpumelelo yeziko iphenjelelwe liBhunga elinika ubunkokheli obugqwesileyo kunye nabaphathi abasebenza ngokuzinikela nangenzonelelo. Sikwazile ukuqhubeka 'nokuwugcina uvutha umlilo' ngoncedo nangenkxaso esiyinikwa liSebe lezobugcisa neNkcubeko nangurhulumente wePhondo nowengingqi.

Xa siligcina eli ziko lizinile yaye lomelele ngokwasezimalini ixesha elide loo nto iza kusinceda ukuze senze igalelo elivakalayo kubathathi-nxaxheba bethu ababalulekileyo, kubasebenzi,



kumagcisa nakubahlali ikakhulu. Sizimisele ukuqinisa nokuseka inkxaso-mali entsha nokuqinisa iinzame zethu zokunyus'ingxowa-mali khon'ukuze siqinisekise ukuba kukho uzinzo ngokwasezimalini kweli ziko.

Elokugqiba ndithi mandivakalise amazwi ombulelo yaye ndikhahlele kwiSilo Samabandla, obekekileyo uKumkani Goodwill Zwelithini kaBhekuzulu nakwiKumkanikazi uMantfombi Dlamini Zulu ngegalelo elincomekayo abalifakileyo ekukhuliseni nasekulondolozeni isiko lamaZulu bejolise kwintlalo-ntle yabantu ngokubanzi. Sinqwenela ukuba umqela wabo usikhuthaze kwiinzame zethu zokumanya nokuquka bonke abemi beloMzantsi Afrika.

A handwritten signature in black ink, appearing to be 'Nkszn Khwezi Kunene'.

Nkszn Khwezi Kunene
uSihlalo weBhunga



7. Ingxelo yeNggqonyela

Iziko iPlayhouse Company kunye namagcisa ngokubanzi bajongene nemiceli-mngeni emikhulu kakhulu kulo nyaka uphengululwayo ebangelwe kukuhlasela kwesifo esingubhubhane iCOVID-19. Abantu abaninzi babhujelwe zizalamane zabo lo gama abanye behlaselwe sesi sifo ngqo noxa bezama kangangoko banako ukuzihoya bona neentsapho zabo. Siyambulela uSombawo osomelezayo ukuze sikwazi ukuyoyisa le miceli-mngeni.

Noxa kunjalo abaphathi basePlayhouse baqhubekile nokulawula eli ziko ngobulungisa. Eli ziko libonise iimveliso eziliqela ezidalele amagcisa amaninzi amathuba engqesho likwenza oku phantsi kwemiqathango eluqilima yezempilo neyokhuseleko. Siqinisekile ukuba iithiyetha zethu sizigcina zikhuselekile, siyazilungisa yaye siyaziphucula khon'ukuze abasebenzi, amagcisa kunye nababukeli bethu esibaxabisileyo bazive besekhaya.

Inkqubo yezobugcisa yasePlayhouse iye yahlenga-hlengiswa ukuze ithobele umyalelo okhutshwe nguMphathiswa weZemidlalo, ezobugcisa neNkcubeko phantsi koMimiselo wesi-4 (10) weMimiselo eyenziwe phantsi kweSahluko sama-27 (2) soMthetho woLawulo lweeNtlekele. Nangona kubekho olu phazamiseko oludalwe ngulo bhubhane kodwa abasebenzi basePlayhouse, abaphathi neBhunga basebenze ngokukhalipha nangokuzinikela ukuze bafezekise iinjongo zeli ziko. Liqhubekile eli ziko ukubonisa eqongeni iimveliso eziliqela nezahluka-hlukeneyo. Sitho gqolo ukusebenzisa iimveliso zomdaniso, ezomculo nezedrama namaqonga eengxoxo zoluntu njengezixhobo zokunceda abahlali ukuba banxibelelane ukuze



Ladysmith Black Mambazo in concert

baziqonde iingxaki abajongene nazo kwaye bathethe ngemiba ebalulekileyo ebachaphazelayo ngqo ekuhlaleni. Lo ngumsebenzi obalulekileyo kwiinzame zokuzisa umanyano lwabantu ngokwentlalo nokwakha isizwe. Ngaphezulu koku, iinkqubo zethu zoqeqesho nophuhliso lwamagcisa zisebenzisane kakhulu neSebe leZemidlalo, ezobuGcisa neNkcubeko KwaZulu-Natala kunye nooMasipala bezithili abaliqela ukuze zifikelele ebantwini abasemaphandleni kweli phondo.

I-Playhouse Company ibamba ngazo zozibini kubo bonke abathathi-nxaxheba bethu ngempumelelo esiyizuzileyo kulo nyaka phantsi kweemeko ezinzima.

144

IIMVELISO

160

IMIBONISO

2 564

AMAGCISA

178 625

ABABUKELI





Dr Gcina Mhlophe

limveliso Zangaphakathi

Ixesha	Amagcisa
Sundowner Concerts & Poetry	59
Test Driving the Arts Concerts	57
Community Conversation Platforms	129
South African Women's Arts Festival	33
Indigenous Arts Performance	54
Okwethu Community Arts Festivals	404
Community Arts Mentorship Programme	12
School Season	21
Festive Season	36
Zizonke	805

Gcina Mhlophe's I Dream A River

Igcisa ngu Gqr. Gcina Mhlophe

Test Driving the Arts

Amagcisa:

- Izintuthane
- Amazing Grace
- African Numbers
- Gee General
- Champions

Sundowner Concerts & Poetry

Amagcisa:

- George Mari
- Soothing Sounds
- Natalie Rungan
- Kerry Cherry
- Izintombi Zetheku
- Sheilla Khumalo & Friends
- Philani Ngidi's Jazz Band
- Nicky Shange
- Poets:
 - Xoli Vilakazi
 - Nkululeko 'Page' Ngwenya
 - Nhlanhla Mhlongo
 - Simo Buthelezi
 - Ndosini Magaye
 - Sindiswa Zulu 'Lady Afrika'
 - Lethu Nkwanyana
 - Minenhle Mthembu

Haydn's The Creation

Umlawuli: Ralph Lawson

Umbhexeshi: Jeremy Silver

Amagcisa:

- Zandile Mzazi
- Wayne Mkhize
- Conroy Scott
- KwaZulu-Natal Philharmonic Orchestra
- The Playhouse Choral



Madosini

William Shakespear's Romeo and Juliet

Umlawuli: Menzi Mkhwane

Amagcisa:

- Nomthandazo Shandu
- Siphwe Gift Shozi
- Zandi Hanxa
- Ayanda Nxumalo

The Heritage Concert

Umlawuli: Ralph Lawson

Amagcisa:

- Madosini
- Mbuso Khoza & Afrikan Heritage Ensemble
- Phuzekhemisi
- Xolisa Dlamini
- Thee Legacy
- Young Mbazo



lingxoxo Zabahlali

**Ubundlobongela obujoliswe kwisini esithile:
Ukubulawa kwamanina**

Amagcisa:

- Nick Nzama
- Roshni Inderh
- Ndileka Yvonne Buwa
- Bongani Mahlangu

**Ubundlobongela obujoliswe kwisini esithile:
lintsuku ezili-16 zentshukumo**

Amagcisa:

- Bhekisisa Thabethe
- Ndileka Buwa
- Sithabile Gigaba
- Sgwili Zuma

**Ifuthe leCovid-19 kwicandelo lobugcisa
obuboniswayo**

Amagcisa:

- Joy Mbewana
- Mondli Ngcobo
- Thokozani “Tzozo” Zulu
- Mbusi “DJ Sox” Sokhela
- Nompilo Maphumulo

linkqubo zolwazi lwemveli

Amagcisa:

- Howard Msomi
- Prof. Nceba Gqaleni
- Zintle Mbili
- Gugu Goba



Ubudoda nokuba ngutata

Amagcisa:

- Howard Msomi
- Bukokwakhe Masango
- Bheki Mlita
- Bhekokuhle Dlamini

Asifundisane – Mabafundiswe ngoku

Amagcisa:

- Lu Dlamini
- Madala Kunene
- Marius Botha
- Vishen Kemraj
- David Jenkins



Ingcwenga Exhobisa Ngobugcisa Nenkubeko

Amagcisa:

- Thokozani 'Tzozo' Zulu
- Howard Msomi
- Themba Luthuli
- Edmund Mhlongo
- Indlovukazi Mapule Ngobese
- Pastor Andile ka Majola
- Joy Mbewana
- Noma Khumalo

iThemba

Umyili-mdaniso: Sandile Mkhize

Amagcisa:

- Leagan Peffer
- Nkanyiso Kunene
- Mboneleli Mdeleleni
- Nqubeko Ngema



Amagorha Alwa Ne-Corona

Amagcisa:

- Menzi Mkhwane
- Noluthando Ngcobo





Broadway Revue

Umlawuli: Ralph Lawson
 Umyili-mdaniso: Sandile Mkhize
 Amagcisa:

- Lisa Bobbert
- Arron McIlroy
- Marion Loudon
- Thabile Mtshali
- Tshepo Ncokoane
- Haylea Heyns
- Nkanyiso Kunene
- Leagan Peffer
- Lyle Buxton

Last Supper

Umlawuli: Themba Luthuli
 Amagcisa:

- Siza Mthembu
- Thobeka Tenza
- Ayanda Nxumalo







Simphiwe Shembe

Stand Up Comedy

Amagcisa:

- Simphiwe Shembe
- Carvin Goldstone
- Nonto R

Indigenous Music Concert

Amagcisa:

- Madala Kunene
- Ntombiza Ntshaba-Sithole
- Lu Dlamini

Last Supper

Director: Themba Luthuli

Amagcisa:

- Siza Mthembu
- Thobeka Tenza
- Ayanda Nxumalo

Year 2042 After the Last World War

Umlawul: Sphiwe Xulu

Amagcisa:


- Sibongiseni Phakathi
- Lindani Buthelezi
- Sindisiwe Thwala
- Phelelani Mzimela
- Simukelisiwe Ximba

All Gone

Umlawul: Madoda Ncayiyane

Amagcisa:

- Thami Skhosana



Mbuso Khoza

Cape Town City Ballet Back on Stage

Umyili-mdaniso: George Balanchine

Umbhexeshi: Lykele Temmingh

Amagcisa:

- Cape Town City Ballet Dancers
- KwaZulu-Natal Philharmonic Orchestra







I-Sundowner Concert equka uGeorge Mari

Umnyhadala woBugcisa boLuntu wase-Okwethu

UMasipala weSithili iZululand (Indonsa Arts Centre)

Umpathi-nkqubo: Jerry Poee
Umpathi-nkqubo: Howard Msomi
Umcebisi: Xolisa Dlamini
Umcebisi: Siyabonga Malembe
Umcebisi: Themba Luthuli
Amagcisa:

- Mighty Rooted
- Showkillers
- UJobzini
- Amasoka

UMasipala weSithili iNdwedwe

Umcebisi: Themba Luthuli
Amagcisa:

- Simphiwe Shembe
- Tzozo Zulu
- Xoli Vilakazi
- Andile Mhlongo
- Mfiliseni Magubane

UMasipala waseThekwini (Kwamashu)

Amagcisa:

- Eugene Mpulo
- Noma Khumalo
- Thando Nyameni
- Sonwabile Gxabana
- Zakwe
- DJ Sox
- Tzozo Zulu

UMasipala waseThekwini (KwaNdengezi)

Amagcisa:

- Thabiso Mbambo
- Nombuso Msomi
- Phumla N. Ngubane
- Dladla Mshunqisi
- Thandeka Mvelase
- Topsy
- Babes wodumo
- Mampintsa

UMasipala weSithili iMkhanyakude (Bazaneni Hall)

Umpathi-nkqubo: Jerry Poee
Umpathi-nkqubo: Joy Mbewana
Umcebisi: Xolisa Dlamini
Umcebisi: Zenzele Masondo
Umcebisi: Themba Luthuli
Amagcisa:

- Thandeka Sithole
- SeaNando
- Leeh Zungu
- Amathole ka-B
- KwaGogo Studio Productions

UMasipala waseThekwini (The Playhouse Company)

Amagcisa:

- Tzozo Zulu
- Leh Ngobese
- Mxolisi Mthembu
- Phumla N. Ngubane
- Thabiso Mbambo
- Nombuso Msomi

UMasipala waseThekwini (Wushwini Arts Centre)

Umpathi-nkqubo: Jerry Poee
Umcebisi: Bongumusa Shabalala
Umcebisi: Themba Luthuli
Umcebisi: Kholwa Bhengu
Umcebisi: Xolisa Dlamini
Amagcisa:

- Zethu Phoswa
- Buhle Nkomo
- Smanga Zungu
- Ngcolosi Home Boys
- KZN Story Tellers
- NARYSEC
- Mancushe
- Matshitsh'anolwazi Ngema

Umnyhadala Wezobugcisa Woluntu I-Okwethu



INgqonyela yasePlayhouse ikunye neNkosi Mangosuthu Buthelezi, noBekekileyo uSC Nkosi, oBekekileyo uMphathiswa HGS Mavimbela, kunye noBekekileyo uVF Hlabisa bekuMasipala weSithili iZululand noMkhanyakude.





Umsitho wokuwonga ngeembasa zenkqubo yokufundisa abahlali ngobugcisa



Umnyhadala Wezobugcisa Woluntu I-Okwethu



8. Ingxelo yokuthabath'uxanduva nokuqinisekisa ukuchaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi nenkolelo yam, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

Zonke iinkcukacha namanani adalulwe kwiNgxelo yoNyaka ziyangqinelana neengxelo zemali zonyaka eziphicothwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele.

Le Ngxelo yoNyaka igqibelele, ichanekile yaye akukho zinto zishiywe ngaphandle kuyo.

INgxelo yoNyaka ilungiswe ngokungqinelana nezikhokelo zokwenz'ingxelo yonyaka ezikhutshwe nguNondyebo kaZwelonke.

Iingxelo zemali zonyaka (iNdima E) zenziwe ngokungqinelana nemigangatho yeGRAP esetyenziswa kwiziko likarhulumente. Igosa elinik'ingxelo linoxanduva lokulungisa iingxelo zemali zonyaka kwanelokugweba okwenziwa kwezi nkcukacha.

Igosa elinik'ingxelo linoxanduva lokusungula nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi elungiselelwe ukunika ingqiniseko efanelekileyo yokuthembeka nokunyaniseka kweenkcukacha zokusebenza, iinkcukacha zemcimbi yabasebenzi kwakunye neengxelo zemali zonyaka.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle bayaluvakalisa uluvo lwabo oluzimeleyo malunga neengxelo zemali zonyaka.

Ngokolwethu uluvo iNgxelo yoNyaka yeli ziko ibonisa ngobulungisa imisebenzi, iinkcukacha zokusebenza, iinkcukacha zemcimbi yabasebenzi kunye neenkukacha zemali zeli ziko zonyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2021.



Nkszn Linda Bukhosini
INGqonyela kunye noMlawuli wezobuGcisa
Umhla: 30 kweyeKhala 2021



Nkszn Khwezi Kunene
USihlalo weBhunga
Umhla: 30 kweyeKhala 2021

Indima B: Iinkcukacha Zokusebenza

1. Inxelo yokuthabath'uxanduva lweenkcukacha zokusebenza zonyaka-mali ophele ngowama-31 kweyoKwindla ngo-2021

INgqonyela yasePlayhouse Company inoxanduva lokulungisa iinkcukacha zokusebenza zeli ziko kwakunye nelokugweba okwenziwa kwezi nkcukacha.

INgqonyela inoxanduva lokusungula nokumisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi elungiselelwe ukunika ingqiniseko efanelekileyo ngokuthembeka nokunyaniseka kweenkcukacha zokusebenza.

Inkcazelo	Inani (%)	Isizathu sokungayiphumezi/ sokuphumeza inxalenye yayo	Ungenelelo
Inani leenjongo zokusebenza zonyaka	27		
Iinjongo zokusebenza zokusebenza zonyaka	20 (74%)		
Injongo zokusebenza zonyaka ezingaphunyezwa/ ekuphunyezwe inxalenye yazo	7 (26%)	<p>i. Izinto ezilungiswayo zilungiswe ngokwesicwangciso. Kodwa ngenxa yophazamiseko oludalwe yiCovid-19 iithiyetha zethu, iindawo zokusebenzela, impahla enxitywayo kunye nezithuthi zethu zisebenze kancinci gqitha. Kuhle ngamandla ukulungiswa kwezinto ngongxamiseko nokungacwangciswanga. Oku kukhokelele ekubeni iziko liyonge imali ebibekelwe ukwenza ezi zinto.</p> <p>ii. Ngenxa yokumiswa ngxi kweenkonzo neentshukumo kwikota yokuqala akukho miboniso yenziweyo. Kwikota yesibini kumiselwe imiqathango kwaqingwa amanani wabantu abanokuzimasa imisitho nto leyo iwachaphazele ngqo amagcisa asebenza ngemiboniso yeqonga, ukuqeshwa kwamagcisa aselula nababukeli abahlawulayo.</p>	<p>i. Akukho ngenelelo lulindelekileyo njengoko ukulungis'izinto okungacwangciswanga kwenzeka xa zisetyenziswa iindawo zemiboniso yaye esakuba egqithile lo bhuhane weCovid-19 kuya kubuyela kwisiqhelo ukulungiswa kwezinto okungacwangciswanga</p> <p>ii. Imiboniso ebimisiwe iza kuboniswa kunyaka-mali omtsha okanye xa sele isusiwe imiqathango.</p>

Ngokoluvo lwam ezi nkcukacha zokusebenza zibonisa ngobulungisa impumelelo ekhoyo xa ithelekiswa neenjongo ezicwangcisiweyo, izalathisi neenjongo ezikwisicwangciso sokusebenza sonyaka sePlayhouse Company sonyaka-mali ophele ngowama-31 kweyoKwindla ngo-2021.

Iinkcukacha zokusebenza zePlayhouse Company zonyaka-mali ophele ngowama-31 kweyoKwindla ngo-2021 zivavanywe ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle yaye ingxelo yabo inikwa kwiphepha lama-51 ukusa kwelama-53.

Iinkcukacha zokusebenza zePlayhouse Company ezikwiphepha lama-27 ukusa kwelama-38 zivunyiwe yiBhodi.



Ms Linda Bukhosini
INgqonyela noMlawuli wezobuGcisa

2. Ingxelo yoMphicothi-zincwadi: linjongo ezimiswe ngenx'engaphambili

UMphicothi-zincwadi Jikelele weloMzantsi Afrika wenza iinkqubo eziyimfuneko zophicotho-zincwadi lweenkcukacha zokusebenza ukuze anike ingqiniseko efanelekileyo esisiphumo sophicotho-zincwadi. Isiphumo sophicotho-zincwadi lweenkcukacha zokusebenza xa zithelekiswa neenjongo ezimiswe ngenx'engaphambili sifakiwe kwingxelo eya kubaphathi yaza imiba efun'ukuphandwa yaxelwa phantsi kwesihloko esithi "linjongo ezimiswe ngenx'engaphambili" kwingxelo ngeminye imiba neemfuno zomthetho kwingxelo yophicotho-zincwadi.

Tyhila kwiphepha lama-51 kwiNngxelo yoMphicothi-zincwadi iNdima E: linkcukacha zemali.

3. Ingcualo Yemeko

3.1 Imeko yokuhanjiswa kweenkonzo

Ubhubhane wesifo iCovid-19 unyanzelise ukuba kumiselwe imiqathango ekumanqanaba aliqela ethintela intshukumo yabantu ukususela ngeyoKwindla ngo-2020 ukuza kuthi ga ngoku. Abaphathi bavelise isicwangciso sokusebenza sonyaka esihlengahlengisiweyo ngeyeKhala ngo-2020 ngokuyalela kweSetyula yesi-2 yeSebe loCwangciso, ukuBek'iliso noVavanyo: Uphengululo nokunikwa kwakhona kwezicwangciso ezinobuchule bokuphucul'ukusebenza zonyaka wama-2020/2025 nezicwangciso zokusebenza zonyaka wama 2020/21 kwiinzame zokukhawulelana nobhubhane wesifo iCOVID-19 kwakunye nohlahlo-lwabiwo mali olukhethekileyo olukhutshwe ngomhla wama-20 kuCanzibe ngo-2020. Imali yesabelo yokusebenza neyeprojekthi ezingundoqo enikwa iPlayhouse Company liSebe lezeMidlalo, ezobuGcisa neNkcubeko kuzwelonke ihlisiwe ukanti neSebe lezeMidlalo, ezobuGcisa neNkcubeko kwiPhondo laKwaZulu-Natala nalo liyihlisile inkxaso-mali eliyinika eli ziko. I-Playhouse Company iye yanyanzeleka ukuba izihlengahlengise iindleko zokuvelisa yaye isiphengulule isicwangciso sayo sezobugcisa. Isicwangciso sokusebenza sonyaka kunye nohlahlo-lwabiwo mali zithiwe thaca phambi kweBhunga laza laziphumeza ngeyeKhala ngo-2020.

3.2 Imeko yeziko

Isabelo-mali sokusebenza neseeprojekthi ezingundoqo esinikwa iPlayhouse Company liSebe lezeMidlalo, ezobuGcisa neNkcubeko kuzwelonke sihlisiwe ukanti neSebe lezeMidlalo, ezobuGcisa neNkcubeko kwiPhondo nalo liyihlisile inkxaso-mali eliyinika eli ziko. I-Playhouse Company isihlengahlengise isicwangciso sayo sezobugcisa ukulungiselela imiqathango yokucuthwa kwamanani wabantu abazimasa imisitho emiselwe ngenxa yeCovid-19. Noxa kunjalo iPlayhouse Company ikwazile ukudalela amagcisa umsebenzi nekungawona achaphazeleke kakhulu yile miqathango. Ngamagcisa abalelwa kuma-2 564 afumene umsebenzi owanik'inzuzo ukanti phakathi kwala magcisa ngamagcisa ali-1 799 alulutsha axhamle kwiimveliso ezibonise yiPlayhouse Company. UMphathiswa wezeMidlalo, ezobuGcisa neNkcubeko ukhuphe umyalelo wokokuba amagcisa angahlawuliswa xa esebenzisa iithiyetha laza eli ziko lasungula intsebenziswano nabavelisi abazimeleyo abangama-22, abanye abavelisi abazimeleyo abangama-70 babonise iimveliso zabo eqongeni, bashicilela imiboniso baza babonisa le miboniso eshicilelweyo kumajelo onxibelelwano kawonkewonke aliqela.

Phantsi kwemeko enzima yokusebenza neyemali edalwe ngubhubhane weCOVID-19 iPlayhouse Company ithe gqolo ukuba nozinzo ngokwasezimalini kwaye kungokunje ikwimo entle ngokwasezimalini.

3.3 linguqu ezingundoqo zemigaqo-nkqubo nemithetho

Akubangakho zinguqu kwimigaqo-nkqubo ezichaphazela ukusebenza kwePlayhouse Company ngeli xesha ngaphandle kweSetyula yesi-2 ka-2020: Uphengululo nokunikwa kwakhona kwezicwangciso ezinobuchule bokuphucul'ukusebenza ngo-2020/2025, izicwangciso zokuphucul'ukusebenza zonyaka wama-2020/21 nezicwangciso zokusebenza zonyaka ezivumele amaziko ukuba aziphengulule izicwangciso zawo zokusebenza zonyaka.

4. Inkqubela yokuphumelelisa impembelelo yeziko kunye neziphumo

Isicwangciso sokuphucul'ubuchule bokusebenza asikhange siphengululwe ngenyanga yeKhala ngo-2020.

Ingxelo yeIMPACT yePlayhouse Company yale minyaka 2020-2025 imi ngolu hlobo:

Ingxelo yempembelelo	Ubomi obuphuculwa bubugcisa obuboniswayo.
Inkqubela eyenziweyo	Ubhubhane weCovid-19 ulichaphazele ngamandla icandelo lezobugcisa obuboniswayo. Kodwa noxa kunjalo iPlayhouse Company ikwazile ukudalela amagcisa angama-2 564 imisebenzi ewanika umvuzo.

Isiphumo	Isalathisi sesiphumo	Achievements in 2021
Isiphumo 1: Ukuvelisa nokubonisa inkqubo yezobugcisa elinganayo	Inani leemveliso zeqonga ezibonisiweyo	limveliso zeqonga ezibonisiweyo zili-144
	Inani lemiboniso yeqonga ebonisiweyo	Kubanjwe imiboniso yeqonga eli-160
	Inani lamagcisa ayinxalenye yeemveliso eziboniswe eqongeni (onke amacandelo)	Ngamagcisa angama-2 564 abe yinxalenye yeemveliso
	Inani lababukeli abazimase imiboniso (abahlawulayo nabangahlawuliyi)	Ngababukeli abangama-178 625 abazimase imiboniso
Isiphumo 2: Ukunika inkxaso yokuvelisa iimveliso zeqonga kwixa elizayo nokuphuhlisa amagcisa	Inani lemiboniso yasethiyetha eveliswe ngaphakathi ukuze ikhulise ize iphuhlise iimveliso zasethiyetha eMzantsi Afrika	Ziinkqubo zobugcisa ezingama-52
	Inani lamagcisa axhamlayo kwiinkqubo zokuwaxhobisa ngobuchule	416
	Iimveliso ezinempembelelo enkulu ezixhasa umanyano ngokwentlalo	8
	Inani lamagcisa afumene amathuba omsebenzi kwiimveliso zangaphakathi ePlayhouse	Ngamagcisa angama-2 564 afumene umsebenzi
Isiphumo 3: Ukuphucula amava wabathengi ngokunika iindawo zokuvelisa nezokubonisa iimveliso ezifikelekayo, ezikumgangatho ophezulu neziphethwe kakuhle	Ukuvavanya imeko yezinto ezisetyenziswayo ePlayhouse Company	Imeko yesakhiwo ivavanyiwe yaza yanikwa inqanaba
Isiphumo 4: Iziko eliphethwe kakuhle, elivelisayo nelisebenza ngamandla	Isiphumo sophicotho-zincwadi lwangaphandle	Iziko lifumene isiphumo esicocekileyo kuphicotho-zincwadi lwangaphandle
	Inani eliyiphesenti leqondo lokusebenza kweziko (<i>umgangatho weAGSA >80%</i>)	100%

5. linkcukacha zokusebenza zenkqubo nganye

5.1 linkcukacha zokusebenza zenkqubo nganye de kunikw'ingxelo kwakhona ngesicwangciso sokusebenza sonyaka

Ngomhla wama-20 kuCanzibe ngo-2020 uNondyebo kaZwelonke uthumele iSebe lezoCwangciso, ukuBek'iliso noVavanyo ukuba likhuphe iSetyula yesi-2 ka-2020. Injongo yale setyula ibikukunika isikhokelo ngophengululo nokunikwa kwakhona kwezicwangciso zokuphucul'ubuchule bokusebenza kunye nezicwangciso zokusebenza zonyaka eziquka ungenelelo olunxulumene neCOVID-19 nokungqinelanisa ezi zicwangciso nohlahlo-lwabiwo mali olukhethekileyo.

Isicwangciso sokusebenza sonyaka sithiwe thaca kwakhona ngenyanga yeKhala ngo-2020. Ezi nkcukacha zokusebenza zilandelayo zezexesha eliphakathi komhla woku-1 kuTshazimpuzi ngo-2020 nomhla wama-30 kweyeSilimela ngo-2021.

5.1.1 Inkqubo 1: Ulawulo

A. Injongo yenkqubo: Injongo yale nkqubo kukunika iPlayhouse Company iinkonzo zenkxaso engundoqo, kuquka iinkonzo zolawulo, ezemali, ezemicimbi yabasebenzi, ezokubek'iliso novavanyo.

Iziphumo, limveliso, Izalathisi zeemveliso, linjongo nempumelelo ekhoyo

Isiphumo	limveliso	Izalathisi zeemveliso	Umsebenzi okhoyo ophi-cothiweyo	Umsebenzi okhoyo ophi-cothiweyo	Injongo yonyaka ecwangcisiweyo	Impumelelo ekhoyo de kunikw'ingxelo kwakhona ngeyeKhala2020	Ukuphambuka kwinjongo ecwangcisiweyo ukuya kwimpumelelo ekhoyo	Izizathu zokuguqulwa kweemveliso/ Izalathisi zeemveliso/ linjongo zonyaka
			2018/19	2019/20	2020/21	30 June 2020	2020/21	2020/21
Ukuphucula amava wabathengi ngokunika iindawo zokuvelisa nezokubonisa iimveliso ezifikelelekayo, ezikumgangatho ophezulu neziphethwe kakuhle	Ukulungisa nokuphucula iziseko zokusebenza nokungqalanisa impahla yexabiso yokusebenza nobuxhakaxhaka bala maxesha obuphucukileyo	Imali echithwe kulungiso nogcino lwezinto	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	3 632 483	908 120	2 724 363	Aziphengululwanga iinjongo zonyaka
		Irejista yonyaka eqingqiweyo yempahla yexabiso igqityiwe ngelithobela uMgaqo-nkqubo weMpahla yexabiso	1	1	1	0	1	
Iziko eliphethwe kakuhle, elivelisayo nelisebenza ngamandla	Ukuphatha iziko ngokufanelekileyo nolawulo lwangaphakathi oluluqilima	Inani lemiba efun'ukuphandwa yophi-cotho-zincwadi ephindwayo	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	5%	1%	4%	
		Inani eliyiphesenti lemiba engundoqo efun'ukuphandwa ephakanyiswe luphi-cotho-zincwadi	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	5%	1%	4%	
	Imeko yeziko evumel'ukusebenza	0%	0%	5%	1.25%	3.75%		
	Abasebenzi abanobuchule, izakhono nabasebenza ngokuzimisela	Inani eliyiphesenti lezithuba ezivulekileyo	9.70%	16%	10%	2.50%	7.50%	
		Inani eliyiphesenti lezicwangciso zoqeqesho zonyaka ezimiliselweyo	95%	91%	90%	22.50%	67.50%	
Inani labasebenzi abaqeqeshwayo ababhalisiweyo	10	9	9	3	6			

5.1.2 Inkqubo 2: Uphuhliso loshishino

A. Injongo yenkqubo

Le nkqubo inoxanduva lokulungelelanisa indima yezobugcisa nenkcubeko kuphuhliso lwezentlalo-ntle nolwezoqoqosho

B. Inkcazelo:

B.1. Ubume

Icandelo lezobugcisa lijongene neenkqubo zobugcisa nezolawulo Icandelo lezentengiso lijongene nezoxibelelwano neentengiso Icandelo lobuchwepheshe lijongene nobuxhakaxhaka bokubonisa eqongeni

B.2. Amacandelo anoxanduva

Icandelo lezobugcisa, elentengiso nelobuchwepheshe

Strategic linjongo ezinobuchule, Izalathisi zokusebenza, linjongo ezicetyiweyo nempumelelo

Isiphumo	Iimveliso	Izalathisi zeemveliso	Umsebenzi okhoyo ophicothiweyo	Umsebenzi okhoyo ophi-cothiweyo	Injongo yonyaka ecwangcisiweyo	Impumelelo ekhoyo de kunikw'ingxelo kwakhona ng-eyeKhala2020	Ukuphambuka kwinjongo ecwangcisiweyo ukuya kwimpumelelo ekhoyo	Izizathu zokuguqulwa kweemveliso/ Izalathisi zeemveliso/ linjongo zonyaka
			2018/19	2019/20	2020/21	30 eyeSilimela 2020	2020/21	2020/21
1. Inkqubo yezobugcisa elinganayo enika amathuba onxibelelwano phakathi kwabantu abohlukene ngenkcubeko, ngobuhlanga nangomgangatho	Ukunika inkqubo yezobugcisa yonyaka ebonisa ukwahlukahlukana nobuchule obukwimisebenzi eboniswa eqongeni	Inani leemveliso eziveliswe liziko zaza zaboniswa	97	80	75	0	75	linjongo zonyaka ziphengululiwe ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo ngenxa ye-Covid-19 kunye nemiyalelo ekhutshwe nguMphathiswa
		Inani leemveliso eziboniswa ngentsebenziswano nabavelisi abazimeleyo	16	30	30	0	30	
		Inani leemveliso/imisitho eboniswe ngabavelisi abazimeleyo kumaziko ePlayhouse Company	59	60	65	0	65	
		Inani leemveliso ezinentsingiselo ebalulekileyo ezibonisiweyo	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	1	0	1	
		Inani leminyhadala / iikonsathi ezibonisiweyo	12	12	12	0	12	
		Inani lamaqonga eengxoxo zoluntu ezixhasiweyo	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	2	0	2	
		Inani lamathuba okubonisa ubugcisa bomthonyama	2	1	2	0	2	
	Ukwandisa indlela yokufikelela ngokunyusa inani lamagcisa abandakanyekayo, ababukeli abazimasa imiboniso kunye nemiboniso	Inani lamagcisa ayinxalenye yeemveliso eziboniswa eqongeni	18 352	12 704	15 000	0	15 000	
		Inani lababukeli abazimase imiboniso (abahlawulayo nabangahlawuliyo)	218 997	183 151	200 000	0	200 000	
		Inani lababukeli (abahlawulayo)	81 307	71 651	55 000	0	55 000	
Ukuqinisa iziko iPlayhouse Company nokuthengisa ngamandla iimveliso zangaphakathi	Inani lamaqonga onxibelelwano kawonke-wonke asetyenzisiweyo	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	3	0	3		
	Inani lamanqaku abhalwe kumajelo eendaba e-elektronikhi namaphepha-ndaba athetha ngePlayhouse	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	8	0	8		

Isiphumo	Iimveliso	Izalathisi zeemveliso	Umsebenzi okhoyo ophicothiweyo	Umsebenzi okhoyo ophi-cothiweyo	Injongo yonyaka ecwangcisiweyo	Impumelelo ekhoyo de kunikw'ingxelo kwakhona ng-eyeKhala2020	Ukuphambuka kwinjongo ecwangcisiweyo ukuya kwimpumelelo ekhoyo	Izizathu zokuguqulwa kweemveliso/Izalathisi zeemveliso/linjongo zonyaka
			2018/19	2019/20	2020/21	30 eyeSilimela 2020	2020/21	2020/21
2. Ukunika inkxaso yokuvelisa imiboniso yethiyetha yexesha elizayo nokuphuhlisa amagcisa	Ukuxhasa ngenkuthalo uphuhliso lwamaqela ekujoliswe kuwo nokuphuhlisa amagcisa noosomashishini bexa elizayo	Inani labantu abatsha abazimase iinkqubo zophuhliso lwezobugcisa ngonyaka	13 566	9 254	6 500	0	6 500	linjongo zonyaka ziphengululiwe ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo ngenxa ye-Covid-19 kunye nemiyalelo ekhutshwe nguMphathiswa
	Ukuxhasa ngenkuthalo uphuhliso lwamaqela ekujoliswe kuwo nokuphuhlisa amagcisa noosomashishini bexa elizayo	Inani leenkqubo zamagcisa ezilungelelanisiweyo	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	3	0	3	
		Inani leenkqubo zokufundisa uluntu ngobugcisa ezilungelelanisiweyo	2	1	1	0	1	
		Inani leenkqubo ze-Test Driving the Arts ezilungelelanisiweyo	14	13	15	0	15	
	Ubulungisa obuqinisekisiweyo kwiinkqubo zobugcisa	Inani eliyiphesenti labantu ababefudula bebukulwa ababe yinxalenye yenkqubo yezobugcisa	81%	93%	88%	0%	88%	
	Ungenelelo olujongiweyo lokuvelisa ababukeli bexa elizayo nokunyusa uthando lwezobugcisa	Inani leenkqubo ezenziwe ezikolweni	4	3	3	0	3	
		Inani leemveliso eziboniswa eqongeni elijikelezayo	60	72	65	0	65	

5.2 linkcukacha zokusebenza zenkqubo nganye ngokwesicwangciso sokusebenza sonyaka esiphengululweyo

Isicwangciso sokusebenza sonyaka siphengululwe saza sathiwa thaca kwakhona ngenyanga yeKhala ngo-2020. Iinjongo ziguquliwe emva kokucuthwa kwesabelo-mali esinikwa iPlayhouse Company ngurhulumente wePhondo nokaZwelonke nangenxa yemiqathango yokumiswa ngxi kweenkonzo nentshukumo ngenxa yeCovid-19 eyalela ukucuthwa kwamanani nokubanjwa kwemisitho okungavumelekanga kwiinzame zokuthintela ukusasazeka kwalo bhuhane wesifo. Ezi nkukacha zokusebenza zilandelayo zezexesha eliphakathi komhla woku-1 kuTshazimpuzi nowama-31 kweyoKwindla ngo-2021. Le ngxelo isekelwe kwisicwangciso sokusebenza sonyaka esiphengululweyo nesiphicothiweyo.

5.2.1 Inkqubo1: Ulawulo

A. Injongo yenkqubo: Injongo yale nkqubo kukunika iPlayhouse Company iinkonzo zenkxaso engundoqo, kuquka iinkonzo zolawulo, ezemali, ezemicimbi yabasebenzi, ezokubek'iliso novavanyo

Iziphumo, limveliso, Izalathisi zeemveliso, injongo nempumelelo ekhoyo

Isiphumo	limveliso	Izalathisi zeemveliso	Umsebenzi okhoyo ophi-cothiweyo	Umsebenzi okhoyo ophi-cothiweyo	Injongo yonyaka ecwangcisiweyo	Impumelelo ekhoyo yonyaka	Ukuphambuka kwinjongo ecwangcisiweyo ukuya kwimpumelelo ekhoyo	Izizathu zokuphambuka
			2018/19	2019/20	2020/21	2020/21	2020/21	2020/21
Ukuphucula amava wabathengi ngokunika iindawo zokuvelisa nezokubonisa iimveliso ezifikelelekayo, ezikumgangatho ophezulu neziphethwe kakuhle kunye neenkonzo zobuchule	Ukulungisa nokuphucula iziseko zokusebenza nokungqalanisa impahla yexabiso yokusebenza nobuxhakaxhaka bala maxesha obuphucukileyo	Imali eziirandi echithwe kugcino nolungiso lwezinto	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitshar	3 632 483	2 494 768	1 137 715	Ulungiso lwezinto olucwangcisiweyo luqhubekile unyaka wonke yaye lugqitywe ngokwesicwangciso. Kodwa ukumiswa ngxi kweenkonzo nentshukumo ngenxa yeCovid-19 kwenze ukuba iithiyetha zethu, iindawo zokusebenzela, impahla enxitywayo nezithuthi zethu zisebenze kancinci. Loo nto ikhokelele ekubeni ulungiso nogcino olungxamisekileyo nolungacwangciswanaga lucutheke. Kungoko iindleko zolungiso nogcino olungxamisekileyo nolungacwangciswanaga zihlile
			Igqityiwe irejista yonyaka yempahla yexabiso eqingqiweyo yonyaka ngelithobela uMgaqo-nkqubo wempahla yexabiso eqingqiweyo	1	1	1	1	0

Isiphumo	Iimveliso	Izalathisi zeemveliso	Umsebenzi okhoyo ophi-cothiweyo	Umsebenzi okhoyo ophi-cothiweyo	Injongo yonyaka ecwangcisiweyo	Impumelelo ekhoyo yonyaka	Ukuphambuka kwinjongo ecwangcisiweyo ukuya kwimpumelelo ekhoyo	Izizathu zokuphambuka
			2018/19	2019/20	2020/21	2020/21	2020/21	2020/21
Iziko eliphethwekakhle, elivelisayo nelisebenza ngamandla	Ulawulo olululo kunye nolawulo lwangaphakathi	Inani lemiba efun'ukuphandwa ephindwayo ephakanyiswe ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitshar	5%	0%	5%	Ayikho imiba efun'ukuphandwa ephindwayo ephakanyiswe ng-uMphicothi-zincwadi Jikelele
		Inani eliyiphesenti lemiba engundoqo efun'ukuphandwa elungisiweyo nephakanyiswe kwiingxelo yekota yophicotho-zincwadi lwangaphakathi	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitshar	5%	0%	5%	Ayikho imiba efun'ukuphandwa engundoqo ephakanyiswe kwiingxelo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi
	Imeko yeziko evumel'ukusebenza	Inani eliyiphesenti lokungasebenzi kobuxhakaxhaka beekhompyutha (ICT)	0%	0%	5%	0%	5%	Kubekho uphazamiseko olungephi yaye lulawuleke ngokukuko
	Abasebenzi abanobuchule, izakhono nabasebenza ngokuzimisela	Inani eliyiphesenti lezithuba ezivulekileyo kwizikhundla ezinemali	9.70%	16%	10%	8.32%	1.68%	Izithuba ezivulekileyo zilawuleke ngokufezekileyo yaye zizaliswe ngexesha
		Inani eliyiphesenti lesicwangciso sonyaka	95%	91%	90%	90%	0%	ayikho
	Inani labantu abaqeqeshelwa nabafundela umsebenzi	10	9	9	19	10	Kuvele ithuba lokudala umsebenzi ukulungiselela abantu abaqeqeshelwa umsebenzi kwinkqubo iCAMP baza bahlawulwa umvuzo	

Ukumanya ukusebenza nemali eqingqiweyo

Inkqubo	2020/2021			2019/2020		
	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulawulo	48 467	40 439	8 028	48 848	44 689	4 159
Imali iyonke	48 467	40 439	8 028	48 848	44 689	4 159

5.2.2 Inkqubo 2: Uphuhliso loshishino

A. Injongo yenkqubo

Le nkqubo inoxanduva lokulungelelanisa indima yezobugcisa nenkcubeko kuphuhliso lwezintloko nolwezoqoqosho.

B. Inkcazelo:

B.1. Ubume

Icandelo lezobugcisa elijongene neenkqubo zobugcisa nezolawulo icandelo lezentengiso elijongene nezoxibelelwano neentengiso icandelo lezobuchwepheshe elijongene nobuxhakaxhaka bokwenza imiboniso eqongeni

B.2. Amacandelo anoxanduva

Icandelo lezobugcisa, elezentengiso nelezobuchwepheshe

Iinjongo ezinobuchule, Izalathisi zokusebenza, Iinjongo ezicwangcisiweyo nempumelelo ekhoyo

Isiphumo	Iimveliso	Izalathisi zeemveliso	Umsebenzi okhoyo ophi-cothi-weyo	Umsebenzi okhoyo ophi-cothi-weyo	Injongo ecwangcisiweyo yonyaka eguqulweyo	Impumele-lo ekhoyo yonyaka	Ukuphambuka kwinjongo ecwangcisiweyo ukuya kwimpumele-lo ekhoyo	Izizathu zokuphambuka
			2018/19	2019/20	2020/21	2020/21	2020/21	2020/21
1. Inkqubo yezobugcisa elinganayo enika amathuba onxibelelwanophakathi kwabantu abohlukene ngenkcubeko, ngobuhlanga nangomgangatho	Ukunika inkqubo yezobugcisa yonyaka ebonisa ukwahluka-hluka na nobuchule obukwimisebenzi eboniswa eqongeni	Inani leemveliso eziveliswe liziko zaza zaboniswa	97	80	39	52	(13)	Imiqathango ye-COVID-19 ikhokelele ekubeni kuvulwe amaqonga amaninzi okubonisa ukuncedisana namagcisa ukuze afumane umvuzo phantsi kwale meko
		Inani leemveliso eziboniswa ngentsebenziswano nabavelisi abazimeleyo	16	30	22	22	0	akukho
		Inani leemveliso / imisitho eboniswe ngabavelisi abazimeleyo kumaziko	59	60	24	70	(46)	Imiqathango ye-COVID-19 ikhokelele ekubeni kuvulwe amaqonga amaninzi okubonisa ukuncedisana namagcisa ukuze afumane umvuzo phantsi kwale meko
		Inani lemiboniso enentsingiselo ebalulekileyo ebonisiweyo	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	2	1	1	Imiqathango yokumiswa ngxi kwentshukumo isinyanzelisa ukuba siwalandele amanani aqingqiweyo wamagcisa aseqongeni. Umnyhadala ocetyiweyo ekulapho amagcisa angamakhulu-khulu acula kunye eqongeni ubeka impilo yamagcisa emngci-phekweni kungoko umiselwe elinye ixesha apho kuya kuvumeleka khona ukuba amagcisa amaninzi abelane ngeqonga
		Inani leminyhadala / iikonsathi ezibonisiweyo	12	12	7	9	(2)	Imiqathango ye-COVID-19 ikhokelele ekubeni kuvulwe amaqonga amaninzi okubonisa ukuncedisana namagcisa ukuze afumane umvuzo phantsi kwale meko
		Inani leengxoxo zoluntu ezilungelanelanisiweyo	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	7	7	0	Akukho

Isiphumo	Iimveliso	Izalathisi zeemveliso	Umsebenzi okhoyo ophi-cothi-weyo	Umsebenzi okhoyo ophi-cothi-weyo	Injongo ecwangcisiweyo yonyaka eguqulweyo	Impumelelo ekhoyo yonyaka	Ukuphambuka kwinjongo ecwangcisiweyo ukuya kwimpumelelo ekhoyo	Izizathu zokuphambuka
			2018/19	2019/20	2020/21	2020/21	2020/21	2020/21
1. Inkqubo yezobugcisa elinganayo enika amathuba onxibelelwano phakathi kwabantu abohlukene ngenkcubeko, ngobuhlanga nangomgangatho	Ukunika inkqubo yezobugcisa yonyaka ebonisa ukwahluka-hluka na nobuchule obukwimisebenzi eboniswa eqongeni	Inani lamathuba okubonisa ubugcisa bomthonyama	2	1	4	3	1	Imiqathango yokumiswa ngxi kwentshukumo isinyanzelisa ukuba siwalandele amanani aqingqiweyo wamagcisa aseqongeni. Umnyhadala ocetyiweyo ekulapho amagcisa angamakhulu-khulu acula kunye eqongeni ubeka impilo yamagcisa emngci-phekweni kungoko umiselwe elinye ixesha apho kuya kuvumeleka khona ukuba amagcisa amaninzi abelane ngeqonga
		Inani lamagcisa abandakanyekayo kwimiboniso yaseqongeni	18 352	12 704	3 500	2 564	936	Ngenxa yokumiswa ngxi kwentshukumo kwikota yokuqala akukho miboniso yenziweyo. Ukuqala kwikota yesibini kuqingqwe amanani wabantu abanokuzimasa imisitho aza achaphazeleka kakhulu amagcisa
		Inani lababukeli (abahlawulayo nabangahlawuliyo)	218 997	183 151	50 815	178 625	(127 810)	Kulinyusile inani lababukeli ukubonisa iimveliso zeqonga kumaqonga onxibelelwano kawonkewonke
		Inani labantu abazimasileyo (abahlawulayo)	81 307	71 651	12 500	415	12 085	Ukumiswa ngxi kweenkonzo neentshukumo ngenxa yeCOVID-19 kwenze zangaboniswa iimveliso kwikota yokuqala. Ukuqala kwikota yesibini kumiselwe imiqathango kwaqingqwa namanani abantu abavumeleki-leyo ukuzimasa imisitho nto leyo ibachaphazele ngqo ababukeli abahlawulayo
	Ukuqinisa iziko iPlayhouse Company nokuthengisa iimveliso zayo zangaphakathi	Inani lamaqonga awodwa onxibelelwano kawonke-wonke asetyenzisiweyo	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	3	4	(1)	Ukusebenzisa amaqonga onxibelelwano kawonke-wonke afana ne Instagram ukuze sifikelele kubabukeli abasebenzisa loo maqonga
	Inani lamanqaku akumajelo eendaba athetha ngePlayhouse Company – ashicilelweyo naweelektronikhi	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	6	29	(23)	Ukwanda kweemveliso kunyuse ukwenziwa kweentengiso zeemveliso	

Isiphumo	Iimveliso	Izalathisi zeemveliso	Umsebenzi okhoyo ophi-cothi-weyo	Umsebenzi okhoyo ophi-cothi-weyo	Injongo ecwangcisiweyo yonyaka eguqulweyo	Impumele-lo ekhoyo yonyaka	Ukuphambuka kwinjongo ecwangcisiweyo ukuya kwimpumele-lo ekhoyo	Izizathu zokuphambuka
			2018/19	2019/20	2020/21	2020/21	2020/21	2020/21
2. Ukunik'inkxaso yokuvulisa iimveliso zasethiyetha zexesha elizayo nokuphuhlisa amagcisa	Ukuxhasa ngenkuthalo uphuhliso olujoliswe kumaqela athile, nkqu nophuhliso lwamagcisa angomso noosomashishini	Inani labantu abatsha abazimase iinkqubo zophuhliso lwezobugcisa ngonyaka	13 566	9 254	2 000	1 799	201	Ukumiswa ngxi kweenkonzo nentshukumo nemiyalelo ekhutshwe nguMphathiswa ngenxa yeCovid-19 kuze nemiqathango eqingqa inani labantu abavumelekileyo ukuzimasa imisitho nto leyo iphazamise ukuboniswa kweemveliso nenani lamagcisa aselula ayinxalenye yeemveliso eziboniswa eqongeni.
		Inani leenkqubo zokuxhobisa amagcisa ezenziweyo	Isalathisi esitsha	Isalathisi esitsha	1	0	1	Le nkqubo iye yanqunyanyiswa ngenxa yokumiswa ngxi kweenkonzo neentshukumo ngenxa yeCOVID-19 kuba abantu bebeza kusondelana ngamandla kuyo.
		Inani leenkqubo zokuxhobisa abahlali ngobugcisa ezilungelelanisiweyo	2	1	1	1	0	akukho
		Inani leenkqubo zeTest Driving the Arts ezilungelelanisiweyo	14	13	9	9	0	akukho
		Ukuqinisekisa iinkqubo zobugcisa ezinikwa ngokulinganayo	81%	93%	88%	96%	(-8%)	Lonyukile inani lamaqela abefudula ebukulwa ngenxa yokwanda kweemveliso ezibonisiweyo
	Ungenelelo olujoliswe kumaqela athile lokuphuhlisa ababukeli bengomso nokukhuthazaauthando lwemiboniso yezobugcisa	Inani leenkqubo zezikolo ezibonisiweyo	4	3	3	4	(-1)	Ngenxa yeCOVID-19 kudalwe amanye amaqonga emiboniso ukudalela amagcisa amathuba emisebenzi ukuze afumane umvuzo phantsi kweemeko ezinzima
	Inani leemveliso ezibonisiweyo kwiqonga elijikelezayo	60	72	0	0	0	Akukho	

Ukumanya ukusebenza nemali eqingqiweyo

Inkqubo	2020/2021			2019/2020		
	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Uphuhliso loshishino	27 763	24 988	2 776	34 103	30 418	3 685
Imali iyonke	27 763	24 988	2 776	34 103	30 418	3 685

6. Isishwankathelo seenkcukacha zemali

6.1 Ukuqokelela ingeniso

Inkqubo	2020/2021			2019/2020		
	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Izibonelelo zokusebenza	50 862	49 634	1 228	60 890	63 126	(2 236)
Izibonelelo zeprojekthi ezingundoqo	10 512	329	10 183	6 537	951	5 586
Imali eyingeniso	2 004	4 116	(2 112)	6 207	6 799	(592)
Ingeniso yokovelisa	0	14	(14)	3 038	3 744	(706)
Ukuqeshisa	80	25	55	495	550	(55)
Ukuqeshisa ngeekhostyom, izinto zokuhombisa nezaseqongeni	0	1	(1)	326	388	(62)
Ingeniso eyenye	0	80	(80)	1 332	1 429	(97)
Istudiyo sokushicilela	0	14	(14)	78	120	(42)
Ingeniso yenkxaso-mali	0	150	(150)	0	1 350	(1 350)
Imali iyonke	71 398	60 806	10 591	78 903	78 457	446

6.2 Inkcitho yenkqubo

Inkqubo	2020/2021			2019/2020		
	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulawulo	48 467	40 439	8 028	48 848	44 689	4 159
Uphuhliso loshishino	27 763	24 988	2 776	34 103	30 418	3 685
Imali iyonke	76 231	65 427	10 803	82 951	75 108	7 844

6.3. Ukutyal'imali eyinkunzi

Inkqubo	2020/2021			2019/2020		
	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno	Imali	Ekhoyo	(Ngaphezulu)/ Nganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Izixhobo zaseofisini	750	760	(10)	300	412	(112)
Izixhobo zekhomyutha	1 025	1 480	463	1 115	1 253	(138)
Izakhiwo	51 550	6 434	45 116	22 272	1 184	21 088
Iqonga nezinye izixhobo	3 039	7	3 031	3 280	3 141	139
Imali iyonke	56 364	8 690	47 673	26 967	5 990	20 977

Indima ©: Ulawulo

1. Intshayelelo

Ulawulo lwequmrhu luquka iinkqubo ezikhokela indlela iPlayhouse Company ekhokelwa, elawulwa nethatyathiswa ngayo uxanduva. Ukongeza kwizinto zomthetho eziyimfuneko nezilawula iPlayhouse Company, iPlayhouse Company ilawulwa nguMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (iPFMA) kunye neenqobo eziqulethwe yiNgxelo kaKing engoLawulo lweQumrhu.

Amaqela anoxanduva lolawulo lweli qumrhu yiPalamente, isiGqeba esilawulayo kunye negunya elithabath'uxanduva kwiziko.

2. IBhunga

2.1. Imisebenzi yeBhunga

Imisebenzi yeBhunga yile:

- Ukuvelisa imigaqo-nkqubo;
- Ukugcina, ukulondoloza nokukhusela yonke impahla yexabiso engenakuchukunyiswa nenokuchukunyiswa eselugcinweni lwePlayhouse Company, ebolekwe okanye ekuyeyePlayhouse Company;
- Ukwamkela, ukugcina, ukulondoloza nokukhusela yonke imiboniso kunye nengqokelela yayo yonke impahla enokuchukunyiswa ebekwe phantsi kolawulo nogcino lweli ziko phantsi kweSahluko se-10 soMthetho wamaZiko eNkcubeko 10(1);
- Ukunyus'ingxowa-mali yePlayhouse Company;
- Ukuphatha nokulawula iimali ezifunyanwa yiPlayhouse Company nokusebenzisa ezi mali ukuhlawula iindleko ezinxulumene nokwenziwa kwemisebenzi yeli ziko;
- Ukugcina ingxelo efanelekileyo yempahla yePlayhouse Company nokuthumelela uMlawuli-Jikele naziphi na iingxelo azifunayo ngokunxulumene noku kwakunye nokugcina iincwadi zeengxelo ngokufanelekileyo;
- Ukumisa nokufaka endaweni yoMthetho wamaZiko eNkcubeko injongo yeziko elibhengeziweyo ngemvume yoMphathiswa;
- Nokufezekisa iinjongo zeziko elibhengeziweyo ngokubanzi.

IBhunga liya kumisela iiyure nemiqathango elunokuthi uluntu ngokubanzi luyityelele phantsi kwayo iPlayhouse Company.

IBhunga linegunya lokuqesha abantu elibabona bekufanele ukwenza imisebenzi yasePlayhouse Company. Imivuzo kunye nemigqaliselo nemiqathango yomsebenzi iya kumiselwa ngokungqinelana nangolungiselelo oluvunywe nguMphathiswa emva kothethwano noMphathiswa wezeMali.

Ukwakhiwa kweBhodi endala

Ixesha lokuba sesikhundleni kweBhunga liphele ngomhla wesi-8 kweyoMnga ngo-2020

Igama	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokushiya	Izidanga	Ubuchule	lintlan-ganiso	ezizinyasi-weyo
Nkszn Hlengiwe Christophina Mgabadelu <i>uSihlalo weBhunga</i>	1 kweyoMnga 2017		BA Social Work, Honours in Sociology	Inkonzo kaRhulumente noLawulo	5	23 199
Nkszn Khwezi BL Kunene <i>uSekela Sihlalo weBhunga</i>	22 kuCanzibe 2018		BSc Property Development	Uthelekelelo lobuninzi, ulawulo lweekontraka	5	27 886
Mnu Sathie Gounden	1 kweyoMnga 2017		CA (SA)	Ezemali, ulawulo lobungozi, ulawulo lwequmrhu nophicotho-zincwadi	5	34 991
Nkszn Siphesihle Ndlela	1 kweyoMnga 2017		BA Communications (UNISA) Hotel Management (ND) Durban Hotel School	Unxibelelwano nabaxumi namajelo eendaba, kunye neentengiso	5	32 574
Nkszn Linda Zama	1 kweyoMnga 2017		BA, LLB degrees	Ezomthetho, ulawulo nokuphatha	3	0
Mnu Abia Litheko	1 kweyoMnga 2017				7	34 459
Nkszn Thandeka Mngadi	1 kweyoMnga 2017		BA Humanities; MA Humanities	Ulawulo kunye nolawulo lwemicimbi yabasebenzi	7	32 931
Mnu Nkosinathi Mbele	11 kweyoMnga 2018			Uphuhliso lwezentlalo noqoqosho, ingcali yempahla elukiweyo nobugcisa bonxibelelwano	7	26 790
Mnu Fezile Wetes	11 kweyoMnga 2018		BA Degree; Advanced Diploma in Labour Law; Advanced Diploma in Management; Graduate Diploma in Company Direction; BCom Honours in Human Resources Management		3	14 436
Nkszn Lebogang Matlala	11 kweyoMnga 2018	2 kweye-Silimela 2020	CA (SA)	Ezemali, ulawulo lobungozi, ulawulo lwequmrhu, uphicotho-zincwadi, ulawulo lothungelwano lweenkonzo nobuchule	0	0

Ikomiti zeBhodi

Amalungu	Ikomiti yezemali nokufuman' iinkonzo nezinto	Ikomiti yophicotho-zincwadi nolawulo	Ikomiti yemicimbi yabasebenzi	Ikomiti yezobugcisa nokunyus'ingxowa-mali
Ms Hlengiwe Christophina Mgabadelu				
Mnu Sathie Gounden	✓		✓	
Nkszn Siphesihle Ndlela	✓			✓
Nkszn Linda Zama		✓		
Mnu Abia Litheko	✓		✓	
Nkszn Thandeka Mngadi			✓	✓
Mnu Nkosinathi Mbele		✓		
Mnu Fezile Wetes			✓	✓
Nkszn Khwezi BL Kunene	✓		✓	
Nkszn L Matlala	✓			✓

Ukwakhiwa kweBhodi entsha

Ixesha leBhodi entsha liqale ngomhla we-9 kweyoMnga ngo-2020

Igama	Umhla	Izidanga	Ubuchule	Iintlanganiso	Umvuzo
Nkszn Khwezi BL Kunene <i>uSihlalo weBhunga</i>	9 kweyo Mnga 2020	BSc Property Development Post Graduate Diploma - Leadership Development Corporate Project Management Certificate	Ungqondo-ngqondo ocalulayo nonobuchule; ingcalulo enobuchule yobungozi nolawulo; isakhono esibalaseleyo sonxibelelwano nesothethwano; umlungelani wokuyila, ulwazi namava kulawulo lwequmrhu; ulwazi loMthetho iPFMA, Imimiselo yePPPPFA, uMthetho wamaZiko eNkcubeko; ucwangciso lwezemali nezifundo zokwenzeka; ukuthelekelela ubuninzi nobunjinieli bexabiso; ulawulo lweprojekthi yeziseko zokusebenza nokulawula iikontraka	4	22 310
Mnu Dumisani Ngema <i>uSekela Sihlalo weBhodi</i>	9 kweyo Mnga 2020	Bachelor of Arts	Unxibelelwano olubalaseleyo (olubhaliweyo nokuthetha); Ukubhala ingxelo, ukucinga ngokuqeqileyo; ukusombulul'ingxaki nokwenz'izigqibo; unxulumano olufezekileyo nabathathi-nxaxheba nabaphathi; ukuphatha nokuphuhlisa abantu (kuquka ukucebisa nokuqeqe-sha); Ukukwazi ukwakha ubudlelwane bentsebenziswano nokunxibelelana okukwinqanaba eliphezulu	4	18 961
Nkszn Thandeka Mngadi	9 kweyo Mnga 2020	BA Humanities MA Humanities	Ulawulo; Ulawulo lwemicimbi yabasebenzi; Uphuhliso lwequmrhu; Ulawulo lokusebenza; Ulawulo lweprojekthi; Ulawulo lwamaziko nepropati	4	18 818
Gqr Rajendra Govender	9 kweyo Mnga 2020	PhD (Human Sciences) (isiZulu/Social Anthropology) M.A (Cum Laude) (Human Sciences) (isiZulu/Social Anthropology) B.A (Honours)Developmental Studies B.A.	Ucwangciso olunobuchule, ukuqinisa intsebenziswano yeqela/ubunkokheli; ulwazi ngePFMA nolawulo lohlalo-lwabiwo mali nolwemali; Ulawulo lwemicimbi yabasebenzi; Ulawulo lweenkqubo neprojekthi; Ulawulo lokusebenza, ulawulo lwamaziko, ulawulo lwabathathi-nxaxheba; unxibelelwano nokubhala ingxelo	4	23 718
Adv Motlatjo Ralefatane	9 kweyo Mnga 2020	B. Proc Bachelor of Laws (LLB)	Ubuchule nolwazi kulawulo lwequmrhu, ukuvelisa isicwangciso; imikhwa esesikweni; ezemfundo noqeqesho; uMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente; Ukusombulul'ingxaki nokuthobel'imithetho; Amava nezakhono kwicandelo lomthetho nelemicimbi yabasebenzi	4	23 718
Mnu Scelo Dlamini	9 kweyo Mnga 2020	Public Management (current) Information Technology-(current)	Ubunkokheli obunobuchule nolawulo; Ulawulo lwemali; Imicimbi yabasebenzi; Ulawulo lweprojekthi; Ubunkokheli nolawulo; Ukuzingel'abasebenzi nokubachonga	4	16 179
Nkszn Tholakele Dlamini	9 kweyo Mnga 2020	Degree in Information Science (Mass Media and Communication)	Uphuhliso loshishino; Unxibelelwano nabaxumi nolawulo lobudlelwane; Uphuhliso lokuzingel'abasebenzi noqeqesho; Izinto ezisetyenziswa nezifuneka kulonyulo; Ukuvelisa imigaqo-nkqubo yemicimbi yabasebenzi; Unxibelelwano namjelo eendaba neentengiso; Ukhenketho lwenkcubeko nolwemvelaphi; Uphuhliso lokhenketho lwasekuhlaleni	3	20 234

Iikomiti zeBhodi

Amalungu	Finance & Procurement Committee	Audit & Governance Committee	Human Resources Committee	Arts & Fund raising Committee
Nkszn Khwezi BL Kunene <i>uSihlalo weBhunga</i>				✓
Mnu Dumisani Ngema <i>uSekela Sihlalo weBhunga</i>	✓			✓
Nkszn Thandeka Mngadi			✓	✓
Gqr Rajendra Govender	✓			✓
Adv Motlatjo Ralefatane	✓		✓	
Mnu Scelo Dlamini	✓		✓	
Nkszn Tholakele Dlamini		✓		

3. Ulawulo lobungozi

I-Playhouse Company inomgaqo-nkqubo wobungozi okhomb'indlela kwinkqubo yokwalatha nokulawula ubungozi. Lo mgaqo-nkqubo uyaphengululwa rhoqo ngonyaka. Inkqubo yolawulo lobungozi kulapho iGosa elithabath'uxanduva, iGosa eliyiNtloko yezemali nabanye abaphathi abayintloko bathi balathe yaye bachaze ubungozi obukhoyo nobuvela rhoqo kushishino, kwezemali nasemsebenzini owenziwa kwiziko baze kananjalo baqulunqe iindlela ezifanelekileyo nezifikelekayo zokukhawulelana nobu bungozi, bekwenza oku rhoqo ngenjongo nangenkuthalo.

Lubalulekile kakhulu ulawulo lobungozi olunamandla ePlayhouse Company khon'ukuze eli ziko lilizalisekise igunya elilinikeyo ngokungqinelana neenkonzelo oluzilindeleyo uluntu nomsebenzi olindelwe liSebe lezobuGcisa neNkcubeko.

Irejista yobungozi iyaphengululwa rhoqo ngonyaka emva kwendibano yabaphathi nawo onke amaqela olawulo anento yokwenza nokwalathwa kobungozi. Irejista yobungozi isetyenziselwa ukuhlahl'indlela yesicwangciso seminyaka emithathu sophicotho-zincwadi esiphengululwayo size siphunyezwe yiKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo kunye neBhunga.

Inkqubela phambili yeenguqu kulawulo lobungozi obalathwayo iqwalaselwa kwiindibano zabaphathi ezibanjwa qho ngenyanga.

4. Icandelo lolawulo lwangaphakathi

Ulawulo lwangaphakathi luxanduva lomphathi ngamnye kweli ziko. Sinayo imigaqo-nkqubo neenkqubo ezizalela indlela yokwenza ulawulo lwangaphakathi. Le migaqo-nkqubo iyaphengululwa rhoqo ngonyaka ukuqinisekisa ukuba iyahambisana nemithetho nemimiselo.

Abaphathi baluphucula ulawulo lwangaphakathi ngokusebenzisa imiba efun'ukuphandwa kulawulo lwangaphakathi ephakanyiswe ngabaphicothi-zincwadi.

5. Icandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi

I-Playhouse Company inoMqulu woPhicotho-zincwadi lwangaphakathi ophengululwayo rhoqo ngonyaka.

UMqulu woPhicotho-zincwadi lwangaphakathi waqulunqwa ngenjongo yokuchaza ubume beziko, injongo, igunya noxanduva lwecandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi olufunyanwa ngaphandle. Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi lulawulwa ngamagatya eSahluko 3.2 seMimiselo kaNondyabo neSahluko 38(1)(a)(i) nesama-76(4)(e) soMthetho iPFMA kwaye ludlala indima enkulu kakhulu ekuqiniseni ulawulo ePlayhouse Company.

Injongo engundoqo yophicotho-zincwadi lwangaphakathi lwasePlayhouse Company kukunika ingqiniseko ezimeleyo neengcebiso malunga neenkqubo zolawulo lwangaphakathi, ulawulo lobungozi neenkqubo zikarhulumente, kwakunye nemisebenzi nokusebenza kwePlayhouse Company ngokunxulumene nemithetho, imimiselo nemigaqo-nkqubo elawulayo.

Nasi isishwankathelo seemfanelo eziqukunyelwe kulo nyaka-mali ngokungqinelana nesicwangciso esivunyiweyo seziganeko zophicotho-zincwadi lwangaphakathi:

1. Uphengululo lolawulo lwecandelo lothungelwano lweenkonzo
2. Uphengululo lweentengiso nokuzimasa kwababukeli imiboniso (Ubuchule bobungozi 9)
3. Uvavanyo lobungozi obukhulu (Ubuchule bobungozi 2; 3; 10 no-11)
4. Uphengululo lweenjongo ezimiswe ngenx'engaphambili
5. Uphengululo lolawulo jikelele lweIT ngaphezu kweVIP
6. Uphengululo lweenkqubo zophicotho-zincwadi ezincediswa yikhompyutha

6. Ikomiti yoPhicotho-zincwadi nolawulo

I-Playhouse Company inoMqulu weKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo ophengululwa minyaka le.

Eyona njongo ingundoqo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo kukuncedisa iBhunga xa lisenza umsebenzi walo wokukhusela impahla yexabiso, ukusebenzisa iinkqubo ezaneleyo kwinkqubo yolawulo nokulungisa iingxelo ezichanekileyo zemali ngelithobela yonke imithehlo elawulayo nemigangatho yokunik'ingxelo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo:

1. Yongamela, ilungelelanisa yaye iphumeza umgangatho wophicotho-zincwadi olwenziwe ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle nabangaphakathi kweli ziko;
2. Igcina unxibelelwano kunye neBhodi, nabaphicothi-zincwadi bangaphandle nabangaphakathi luvulelekile ngokubamba iintlanganiso ekuvakaliswa kuzo iimbono kwabelwane ngolwazi yaye kuqinisekise amagunya noxanduva;
3. Isebenza njengeziko ezimeleyo eliphengulula iinkcukacha zemali ezinikwa ngabaphathi;
4. Iphengulula ukwanela kolawulo lweengxelo nolokunik'ingxelo olusetyenziswayo;
5. Inika iqonga lonxibelelwano phakathi kwabaphicothi-zincwadi bangaphandle nabangaphakathi kunye neBhunga.

7. Ukuthobela imithetho nemimiselo

Isahluko sesi-4 soMthetho wamaZiko eNkcubeko siyalela ukuba iPlayhouse Company iyinxalenye yequmrhu kungoko ke kufuneka ukuba iPlayhouse Company, iBhunga nawo onke amalungu athobele iinqobo zolawulo olunobulungisa nayo yonke imithetho nemimiselo.

Abaphathi basePlayhouse Company bayinika qho ngekota ingxelo malunga nokuthobela imithetho nemimiselo. Uluhlu lokuhlola lwePFMA luyaqulunqwa lize lixelelwe iBhunga neekomiti zalo xa kukho imithetho engathotyelwanga.

8. Ubuqhophololo norhwaphilizo

I-Playhouse Company inesicwangciso sokuthintela ubuqhophololo esiphengululwayo rhoqo ngonyaka. Esi sicwangciso sigqala amaphulo asisiseko okuthintela ubuqhophololo ePlayhouse Company.

Ezona njongo zingundoqo zesi sicwangciso zezi:

1. Ukunika izikhokelo zokuthintela, ukuzibhaqa nokuzixela izenzo zobuqhophololo;
2. Ukutyala umkhwa okhuthaza bonke abasebenzi nabathathi-nxaxheba ukuba bathi gqolo ukulandela imikhwa esesikweni xa besebenza egameni lePlayhouse Company;
3. Ukukhuthaza bonke abasebenzi nabathathi-nxaxheba ukuba basebenzele ukulithintela nokulibhaqa kwangoko ifuthe elikhoyo okanye elinokwenziwa zizenzo zobuqhophololo ePlayhouse Company;
4. Ukukhuthaza bonke abasebenzi nabathathi-nxaxheba ukuba bazixelele izenzo zobuqhophololo abazikrokrelayo bengaloyiko lokutshutshiswa okanye lokumangalelwa
5. Nokunika ugqaliso lokwabelana ngokunik'ingxelo nangamagunya.

9. Ukucutha imbambano yemidla

Abaphathi nabasebenzi becandelo lezemali bazalisa ifom yokudalula imidla yabo yezemali qho ngonyaka. Bayakhuthazwa abasebenzi kunye nabaphathi ukuba bayihlaziye qho le fom xa kukho iinguqu ezikhoyo kwimidla yabo yezemali.

I-Playhouse Company inoMgaqo-nkqubo weMikhwa esesikweni yokuziphatha ekhokela nenceda abasebenzi xa bekwimeko enokudala imbambano yemidla

10. Umgaqo wokuziphatha

I-Playhouse Company inoMgaqo-nkqubo weMikhwa esesikweni kunye noMgaqo-nkqubo woMgaqo wokuziphatha nenika abasebenzi isikhokelo ngendlela yokuziphatha emsebenzini.

UMgaqo-nkqubo woMgaqo wokuziphatha uxhonywe kuzo zonke iibhodi zezaziso ezikhoyo ePlayhouse Company.

Ukuze abasebenzi bakwazi ukwenza isigqibo ngentshukumo emayithatyathwe nokufumana ukuba ziziphi izinto eziyimikhwa esesikweni kufuneka baqwalasele yaye bakhokelwe zezi zinto zilandelayo:

- Imigaqo-nkqubo yeziko;
- Imithetho yelizwe;
- Indlela kunye nemikhwa yokuziphatha eyamkelekileyo jikelele;
- kunye nezimilo zabo neenqobo zabo ezisemgangathweni.

Xa kukho isenzo esiphambukayo kwezi zinto zibalwe apha ngasentla eso senzo siya kuthatyathwa njengokuziphatha gwenxa.

Xa kufumaniseke ukuba umsebenzi wophule uMgaqo-nkqubo woMgaqo wokuziphatha uya kuthatyathelwa amanyathelo afanelekileyo wokufak'isikhalazo nawoluleko.

11. Imiba yezempilo, eyokhuseleko neyokusingqongileyo

Rhoqo ngonyaka iPlayhouse Company ivavanya ukuyithobela kwayo imimiselo yezempilo neyokhuseleko. Isiphumo solu vavanyo sixelela iPlayhouse Company ngeendawo ezifuna ukuphuculwa nezinto emazeniwe ukuze ithotyelwe ngokukuko le mimiselo.

Ukuthobela imimiselo yezempilo neyokhuseleko sesinye sezalathisi zokusebenza ezikwisicwangciso sokusebenza sonyaka soMlawuli weeNkonzo zeNkxaso.

I-Playhouse Company iyithobela ngokupheleleyo imimiselo yezempilo neyokhuseleko.

12. Uxanduva lwasekuhlaleni

Umsebenzi wePlayhouse Company kukuphucula, ukukhuthaza nokulondoloza ubugcisa obuboniswayo ngokuvelisa ize ibonise eqongeni imiboniso eyonwabisayo nefundisayo phambi kweendidi ngeendidi zababukeli.

I-Playhouse Company iwuthabatha lo msebenzi wayo njengoxanduva lwayo eluntwini nasekuhlaleni.

Inkqubo yezobugcisa yePlayhouse Company ikulungele ukwenza lo msebenzi wayo woxanduva lwasekuhlaleni.

Phakathi kweenkqubo ezilungiselelwe uxanduva lwasekuhlaleni eli ziko lisebenzisa iqonga elijikelezayo ukusondeza iimveliso kwiindawo ezisemaphandleni nezingakwaziyo ukufikelela ethiyetha ukuze zibone imiboniso yeqonga. Kukho abantu abayibona okokuqala ngqa imiboniso yeqonga kule nkqubo nto leyo ibashiya bengayivali imilomo.

13. Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Ikomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo (iKomiti) inika ingxelo yayo yonyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2021.

Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo neentlanganiso

Le Komiti inamalungu amahlanu axelwe apha ngezantsi yaye kufuneka ibambe iintlanganiso ezine ubuncinane ngonyaka ngokumisela kwemiqathango yayo evunyiweyo. Zine iintlanganiso ezibanjiweyo kulo nyaka.

Ukwakhiwa kweKomiti endala yoPhicotho-zincwadi noLawulo

Ixesha leKomiti liphele ngomhla wesi-8 kweyoMnga ngo-2020

Igama	Izidanga	Ngaphakathi okanye ngaphandle	Umhla aqeshwe ngawo
Judge Leona Valerie Theron	Master of Law, Bachelor of Laws and Bachelor of Arts	Ngaphandle – uSihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo	25 kuCanzibe 2018
Nkszn Charmaine Jugnarayan	CA (SA), RA	Ngaphandle	25 kuCanzibe 2018
Mnu Rodger Ashe		Ngaphandle	25 kuCanzibe 2018
Nkszn Linda Zama	BA, LLB degree	Ngaphakathi	23 kweyoMdumba 2018
Mnu Nkosinathi Mbele		Ngaphakathi	25 kweyoMqungu 2019

Ukwakhiwa kweKomiti eNtsha yoPhicotho-zincwadi noLawulo

Ixesha lekomiti liphele nge-12 Matshi 2021

Igama	Izidanga	Ngaphakathi okanye ngaphandle	Umhla aqeshwe ngawo
Nkszn Charmaine Jugnarayan <i>uSihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo</i>	CA (SA), RA	Ngaphandle	12 kweyoKwindla 2021
Nkszn Nosipho Mchunu	CA (SA), RA	Ngaphandle	12 kweyoKwindla 2021
Mnu Jesiah Abia Lithoko		Ngaphandle	12 kweyoKwindla 2021
Nkszn Tholakele Dlamini	Degree in Information Science (Mass Media and Communication)	Ngaphakathi	12 kweyoKwindla 2021

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo

Le Komiti ivakalisa ukuba ilwenzile uxanduva lwayo olumiselwe kwiSahluko sama-38 soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente woku-1 ka-1999 nakuMmiselo kaNondyebo 3.1. Kwakhona le Komiti inik'ingxelo yokokuba yamkele imiqathango esesikweni efanelekileyo njengomqulu weKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo, imicimbi iyiphathe ngokuhambisana nalo mqulu kwaye ilufezekisile uxanduva lwayo oluqulethwe ngulo mqulu. Lo mqulu uyaphengululwa rhoqo ngonyaka yiKomiti uze wamkelwe ligunya elithabath'uxanduva.

Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi

Ikomiti ilungelelanisa yaye iqwalasela umsebenzi owenziwa licandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi. Ukwenza oku kunceda iKomiti ikwazi ukunik'ingxelo ngokusebenza ngokukuko kwecandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi. Inkonzo yophicotho-zincwadi ithatyathwe ngaphandle yaye ibisebenza kulo nyaka-mali uphengululwayo.

Le Komiti iqwalasele irejista yobungozi ehlaziyiweyo ngokwenkqubo-sikhokelo yolawulo lobungozi nemigaqo-nkqubo eyamkelwe ligunya elithabath'uxanduva. Kwakhona, le Komiti iphengulule yaza yavuma isicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi seminyaka emithathu. Yanelisekile iKomiti kukusebenza ngokufezekileyo kwecandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi.

Ukufezeka kolawulo lwangaphakathi

Ikomiti ivavanye ukufezeka kolawulo lwangaphakathi yaza yaphengulula inkqubo yokuvavanya ubungozi ngolu hlobo:

- Izimase indibano yokuncazelana ngolwazi malunga nokuvavanya ubungozi nabo bonke abathathi-nxaxheba abangundoqo;
- Ithabathe imfezeko yeenkqubo zeziko zokuvavanya ubungozi njengento eqhubekayo eyenziwa ngabaphathi;
- Iqwalasele inkqubo yokulandelela yonke imiba efun'ukuphandwa ephakanyiswe ngabaphicothi-incwadi ukuqinisekisa ukuba iyalungiswa ngokupheleleyo;
- Ifune isiqinisekiso kubaphathi sokokuba ikho intshukumo abayithabathayo ngokunxulumene nemiba ephakanyiswe ngabaphicothi-zincwadi;
- Inike abaphathi negosa elithabath'uxanduva isikhokelo neengcebiso zokuqinisa iinkqubo zokulawula ubungozi nezeenkukacha zokusebenza xa kuphononongwa iingxelo zekota.

Ikomiti iphengulule iingxelo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi, yafumanisa apho libuthathaka khona iziko yaza yaqwalasela ukufaneleka kweempendulo zabaphathi zokuqinisekisa ukuba siyathotywa isantya sokuvela kobungozi kwanokuba imeko yolawulo iyaphuculwa qho.

Ikomiti yanelisekile yinto yokokuba iPlayhouse Company ithe gqolo ukugcina amanqanaba afanelekileyo olawulo lwangaphakathi.

Le Komiti iyangqinelana noluvo lwabaphicothi-zincwadi lokokuba ulawulo lwangaphakathi lweli ziko lusebenza ngokufezekileyo yaye luthembekile ukanti imiba exelwe ngabaphicothi-zincwadi bangaphakathi kulo nyaka ayibonisanga kusilela kuphathekayo okanye okukhulu.

Indlela ezingeniswa ngayo iingxelo zenyanga/zekota ngokuyalela kwePFMA noMthetho woKwahlulwa kweNgeniso ibe yeyanelisayo ngokweziphumo zovavanyo nezophicotho-zincwadi lwangaphakathi.

Iingxelo yaphakathi enyakeni phakathi kunye neyenyanga/neyekota

I-Playhouse Company izithumele ngexesha iingxelo zenyanga kwiFINCO nakwiKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo yaye izithumele iingxelo zekota kwiSebe lezobuGcisa neNkcubeko ngokuyalela koMthetho iPFMA.

Ukuvavanya iingxelo zemali

Ikomiti:

- Iphengulule iingxelo zekota neengxelo zemali ukuze iqinisekise ukuba ziyangqinelana yaye zichanekile iinkukacha eziqulethwe zezi ngxelo;
- Iqwalasele ukufaneleka, ukwamkelwa nokusetyenziswa ngokungqinelanayo kwengxelo yemikhwa eyamkeleke jikelele yokunika iingxelo eMzantsi Afrika eyamkelwe ligunya elithabath'uxanduva;
- Iqwalasele umgangatho nokufakwa ngexesha kweenkcukacha zemali ezikhoyo ukuze ikwazi ukongamela nokubek'iziko elisweni ekuhambeni konyaka;
- Iphengulule iingxelo zemali zePlayhouse Company zonyaka ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2021 yaye yanelisekile kukuba amatyala afanelekileyo oMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente kwakunye nawengxelo yemikhwa eyamkeleke jikelele yokunik'ingxelo eMzantsi Afrika ayathotyelwa;
- Iphengulule iingxelo enikwe abaphathi nguMphicothi-zincwadi Jikelele kunye nempendulo yabaphathi;
- Iphengulule iingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele yaza yaphawula ukuba iingxelo zemali neenkukacha zokusebenza azibanga nayo imiba efun'ukuphandwa.

Ingxelo yoMphicothi-zincwadi

IKomiti inemincili ukuvakalisa ukuba iPlayhouse Company ifumene ingxelo yophicotho-zincwadi ecocekileyo nengenasikhwasilima.

IKomiti ingqinelana noMphicothi-zincwadi yaye iyakwamkela ukuqokumbela kwakhe ngeengxelo zemali zonyaka kungoko iKomiti inoluvo lokokuba iingxelo zemali zonyaka eziphicothiweyo zamkelwe kwaye zifundwe kunye nengxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

IKomiti ithabatha eli thuba ukuvuyisana neBhunga kunye nabaphathi beli ziko ngemigudu yabo nokuzibophelela kwabo kumsebenzi wabo okhokelele ekubeni bafumane ingxelo yoMphicothi-zincwadi ecocekileyo nengenasikhwasilima iminyaka elishumi elandelelanayo yaye ithanda ukuvakalisa ilizwi lombulelo ngenkxaso yabo kunye neengxoxo ezineziqhamo ezihle abazibamba neKomiti.



Nkszn Charmaine Jugnarayan

USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo

14. Isikhokelo sokunik'ingxelo samasebe namaziko kaRhulumente

ngokweSahluko se-13(G)(1) soMthetho woPhuhliso olunabileyo lwabantu abamnyama ngokwezoqoqosho wama-53 ka-2003 olungiswe nguMthetho wama-46 ka-2013

Igama lesigaba sikaRhulumente/Iziko likaRhulumente/Isebe likaRhulumente:	The Playhouse Company
Inombolo elibhaliswe ngayo (Xa ikho):	ayikho
Idilesi elizinze kuyo:	29 Acutt Street, Durban, 4001
Isigaba elikuso kuRhulumente/Iziko likaRhulumente/Isebe likaRhulumente:	Ukunik'ingxelo kweziko likarhulumente elikuShedyuli 3A
Icandelo leziko	Ubugcisa obuboniswayo

Ingaba isigaba sikarhulumente/ iziko likarhulumente/ isebe likarhulumente lisebenzise uMgaqo woKusebenza ngoBulungisa (Isiqinisekiso seB-BBEE Amanqanaba 1 – 8) ngokunxulumene nezi zinto zilandelayo:

Inkqubo elandelwayo	Impendulo Ewe/Hayi	Ubungqina (faka ingxoxo kwimpendulo yakho kwaye ubonise ukuba ngawaphi amanyathelo athathiweyo ukuthobela lo mthetho)
Ukumisela inkqubo elandelwayo yokulungela ukukhupha iimphepha-mvume, iimvume okanye okanye ukugunyaziswa okunxulumene neentshukumo zoshishino ngokomthetho	Hayi	Le nkqubo ayisetyenziswa ePlayhouse Company
Ukuvelisa nokumilisela umgaqo-nkqubo ofanelekileyo wokufuman'izinto	Ewe	Izinto ezifunwa nguMgaqo-nkqubo wokufuman'izinto ziqukwe kuMgaqo-nkqubo wokufumana impahla neenkonziso osebenzayo ePlayhouse Company
Ukumisela inkqubo elandelwayo yokulungela ukuthengisa amashishini karhulumente	Hayi	Le nkqubo ayisetyenziswa ePlayhouse Company
Ukuvelisa inkqubo elandelwayo yokusungula ubudlelwane namashishini abucala	Hayi	Le nkqubo ayisetyenziswa ePlayhouse Company
Ukumisela inkqubo elandelwayo yokunika imivuzo, izibonelelo neendlela zotyalo-mali ukuxhasa inkqubo enabileyo yokuxhobisa abantu abamnyama kwezoqoqosho	Hayi	Le nkqubo ayisetyenziswa ePlayhouse Company

Indima D: Ulawulo lwemicimbi yabasebenzi

1. linkcukacha-manani zecandelo lemicimbi yabasebenzi

lindleko zabasebenzi kwinkqubo nganye

lindleko zeziko zizonke (R'000)	lindleko zabasebenzi (R'000)	lindleko zabasebenzi eziyiphesenti yeendleko zizonke	Inani labasebenzi	lavareji yeendleko zomsebenzi ngamnye (R'000)
82 895	35 558	43%	77	462

lindleko zabasebenzi ngokwamanqanaba emivuzo

Inqanaba	lindleko zabasebenzi (R'000)	lindleko zabasebenzi eziyiphesenti	Inani labasebenzi	lavareji yeendleko zomsebenzi ngamnye (R'000)
Abaphathi abayintloko	2 263	7%	1	2 263
Abaphathi abaphezulu	1 552	5%	1	1 552
Abasebenzi abanobuchule nabaqeqeshiweyo	7 131	21%	9	792
Abasebenzi abanobuchule	11 756	35%	32	367
Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga	10 832	32%	34	339
Abasebenzi abangenabuchule			0	
IINDLEKO ZIZONKE	33 534	100%	77	432

lindleko zoqeqesho

lindleko zabasebenzi (R'000)	lindleko zoqeqesho (R'000)	lindleko zoqeqesho eziyiphesenti yeendleko zabasebenzi	Inani labasebenzi abaqeqeshiweyo	lavareji yeendleko zoqeqesho zomsebenzi ngamnye
35 558	208	1%	74	2.8

Izithuba ezivulekileyo

2019/2020 Inani labasebenzi	2020/2021 Izikhundla ezivunyiweyo	2020/2021 inani labasebenzi ezivulekileyo	2020/2021 Izithuba	Inani eliyiphesenti lezithuba ezivulekileyo
78	84	77	7	8.3%

Inkqubo	2019/2020 Inani labasebenzi	2020/2021 Izikhundla ezivunyiweyo	2020/2021 inani labasebenzi ezivulekileyo	2020/2021 Izithuba	Inani eliyiphesenti lezithuba ezivulekileyo
Abaphathi abayintloko	1	1	1	0	0
Abaphathi abaphezulu	1	1	1	0	0
Abasebenzi abanobuchule abaqeqeshiweyo	10	9	9	1	14.3%
Abasebenzi abanobuchule	32	38	32	6	85.7%
Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga	34	35	34	0	0
Abasebenzi abangenabuchule	0	0	0	0	0
INANI LILONKE	78	84	77	7	100%

linguqu kwinqubo

Inqanaba lomvuzo	Inggqesho ekuqaleni	Abantu abaqeqeshiweyo	Abashiyileyo	Inggqesho ekupheleni kwexesha
Abaphathi abayintloko	1	0	0	1
Abaphathi abaphezulu	1	0	0	1
Abasebenzi abanobuchule abaqeqeshiweyo	10	0	1	9
Abasebenzi abanobuchule	32	6	6	32
Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga	34	0	0	34
Abasebenzi abangenabuchule	0	0	0	0
Abasebenzi bebonke	78	6	7	77

Izizathu zokushiya kwabasebenzi

Isizathu abashiyileyo bebonke	Inani	Inani eliyiphesenti labasebenzi
Abaswelekileyo	0	0
Abashiyileyo ezikhundleni	1	14.3%
Abagxothiweyo	0	0
Abathabathe umhlala-phantsi	5	71.4%
Abagulayo	1	14.3%
Abaneekontrakthi ezifikelele esiphelweni	0	0
Ezinye izizathu	0	0
Inani lilonke	7	100%

Unxulumano lwabasebenzi: Ukuziphatha gwenxa neenkqubo zoluleko

Uhlobo lwenkqubo yoluleko	Inani
Isilumkiso esenziwa ngomlomo	1
Isilumkiso esibhaliweyo	1
Isilumkiso esibhaliweyo sokugqibela	0
Ukugxothwa	0

Ubulungisa nomakulinganwe kwezengqesho

Amanqanaba	Amadoda							
	Antsundu		Amakhaladi		Amandiya		Amhlophe	
	Akhoyo	Inani elifunwayo	Akhoyo	Inani elifunwayo	Akhoyo	Inani elifunwayo	Akhoyo	Inani elifunwayo
Abaphathi abayintloko	0	0	0	0	0	0	0	0
Abaphathi abaphezulu	0	0	0	0	1	1	0	0
Abasebenzi abanobuchule abaqeqeshiweyo	1	1	0	0	2	2	1	1
Abasebenzi zbanobuchule	17	20	1	1	2	2	2	2
Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga	17	18	0	0	4	4	1	1
Abasebenzi abangenabuchule	0	0	0	0	0	0	0	0
INANI LILONKE	35	39	1	1	9	9	4	4

Amanqanaba	Amabhinqa							
	Antsundu		Amakhaladi		Amandiya		Amhlophe	
	Akhoyo	Inani elifunwayo	Akhoyo	Inani elifunwayo	Akhoyo	Inani elifunwayo	Akhoyo	Inani elifunwayo
Abaphathi abayintloko	1	1	0	0	0	0	0	0
Abaphathi abaphezulu	0	0	0	0	0	0	0	0
Abasebenzi abanobuchule abaqeqeshiweyo	2	2	0	0	1	1	2	2
Abasebenzi abanobuchule	9	11	1	1	0	0	0	1
Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga	7	7	2	2	3	3	0	0
Abasebenzi abangenabuchule	0	0	0	0	0	0	0	0
INANI LILONKE	19	21	3	3	4	4	2	3

Amanqanaba	Abasebenzi abaneziphene emzimbeni			
	Amadoda		Amabhinqa	
	Current	Target	Current	Target
Abaphathi abayintloko	0	0	0	0
Abaphathi abaphezulu	0	0	0	0
Abasebenzi abanobuchule abaqeqeshiweyo	0	0	0	0
Abasebenzi abanobuchule	0	0	0	0
Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga	0	0	0	0
Abasebenzi abangenabuchule	0	0	0	0
INANI LILONKE	0	0	0	0

Indima E: Iinkcukacha Zemali

1. Ingxelo yokuthabath'uxanduva nokuqinisekisa ukuchaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi nenkolelo yam ndiqinisekisa oku kulandelayo:

Zonke iinkcukacha namanani adalulwe kwingxelo yonyaka ayangqinelana neengxelo zemali zonyaka eziphicothwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele.

Ingxelo yonyaka igqibelele, ichanekile yaye akukho zinto zishiywe ngaphandle kuyo.

Ingxelo yonyaka ilungiswe ngokungqinelana nezikhokelo zokwenza ingxelo yonyaka ezikhutshwe nguNondyebo kaZwelonke. Ingxelo zemali zonyaka (Indima E) zilungiswe ngokungqinelana nemigangatho yemikhwa eyamkeleke jikelele yokunik'ingxelo esetyenziswa kwiziko likarhulumente.

Igosa elithabath'uxanduva kweli ziko linoxanduva lokulungisa iingxelo zemali zonyaka nolokugweba okwenziwa kwezi nkcukacha.

Igosa elithabath'uxanduva linoxanduva lokusungula lize limilisele inkqubo yolawulo lwangaphakathi elungiselelwe ukunika ingqiniseko ephathekayo yobulungisa nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza, iinkcukacha zemicimbi yabasebenzi kunye neengxelo zemali zonyaka.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle bavakalisa uluvo lwabo oluzimeleyo ngeengxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwethu, ingxelo yonyaka ibonisa ngobulungisa umsebenzi, iinkcukacha zokusebenza, iinkcukacha zemicimbi yabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yeli ziko kunyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2021.



Nkszn Linda Bukhosini
INGqonyela noMlawuli wezobuGcisa
Umhla: 30 kweyeKhala 2021



Nkszn Khwezi Kunene
USihlalo weBhunga
Umhla: 30 kweyeKhala 2021

2. Ingxelo yeNgqonyela noMlawuli wezobuGcisa

Ukusebenza kwemali

Ingeniso

Ingeniso iyonke ihle ngomyinge wama-21% ukusuka kwizigidi zeerandi ezingama-84 (R84m) ukusa kwizigidi zeerandi ezingama-66 (R66m).

- Oku kuhla kwengeniso kudalwe kukuhla kwengeniso yeprojekthi ezingundoqo eyamkelwe ngokweGRAP 23 – Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso kunye nerhafu.

Iindleko zokusebenza

Iindleko zokusebenza zihle ngomyinge we-14% ukusuka kwizigidi zeerandi ezingama-97 (R97m) ukusa kwizigidi zeerandi ezingama-83 (R83m).

- Oku kuhla kwengeniso kudalwe kukuhla kweendleko zokuhla kwexabiso lempahla nokuhlawula amatyala, iindleko ezinxulumene nabasebenzi kunye neendleko zokuvelisa.

Intsilelo yonyaka

Intsilelo yezigidi zeerandi ezili-16 (R16m) yonyaka ka-2021 idalwe kukuhla kwengeniso eyinkunzi eyamkelwe ngokweGRAP 23 - Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso nerhafu.

Ubume bezemali

Ibonise ubume obuncumisayo bezemali iPlayhouse Company ekupheleni kwalo nyaka uphengululwayo.

- Ukuhla kwempahla yexabiso engasetyenziswayo ngezigidi zeerandi ezi-3 (R3m) ngenxa yeendleko zokuhla kwexabiso lempahla nokuhlawulwa kwamatyala.
- Impahla yexabiso esetyenziswayo ihle ngezigidi zeerandi ezi-2 (R2m) ngenxa yokuhla kwemali eziinkozo nenye imali elingana nayo.
- Amatyala wexesha elide anyuke ngezigidi zeerandi ezili-10 (R10m). Oku kudalwe kukunyuka kwengeniso erhoxisiweyo.
- Amatyala akhoyo anyuke ngesigidi esinye seerandi (R1m). Oku kudalwe kukuhla koshishino nezinye izinto ezihlawulwayo.

Ukungena kwemali

Imali nenye imali eziinkozo ihle ngezigidi zeerandi eziyi-1.8 (R1.8m) ukusuka kwizigidi zeerandi ezingama-89 (R89m) ukusa kwizigidi zeerandi ezingama-87 (R87m). Imali engenayo evela kwimisebenzi ezizigidi zeerandi ezi-6.8 (R6.8m) isetyenziselwe ukulinganisa imali yotyalo-mali ezizigidi zeerandi eziyi-8.7 (R8.7m).

Inkqubo-sikhokelo yobukhulu

IBhunga libambisene nabaphicothi-zincwadi bangaphandle bamisele inkqubo-sikhokelo yamanqanaba amkelekileyo obukhulu nokubaluleka ngolu hlobo:

- Ingeniso nenkcitho – 1%
- Impahla yexabiso kunye namatyala – 3%

Ubukhulu bubalwa ngokwale nkqubo-sikhokelo ingasentla apha, kodwa kukho iimeko apho kufuneka inqanaba lobukhulu elingqingqwa lize lilungelelaniswe ngokufanele imeko leyo. Indlela esetyenziswa ukumisela la manqanaba obukhulu ingqingqwa.



Nkszn Linda Bukhosini

iNgqonyela noMlawuli wezobuGcisa

3. Ingxelo enikwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele ngePlayhouse ePalamente

Ingxelo yophicotho-zincwadi lweengxelo zemali

Uluvo

1. Ndiziphicothile iingxelo zemali zePlayhouse Company ezikwiphepha lama-54 ukuya kuma kwelama-78 eziquka ukuxelwa kobume bezemali ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2021, ingxelo yokusebenza kwemali, ingxelo yeenguqu kwimpahla yexabiso eyintsalela nengxelo yokungena kwemali kunyaka ophelileyo, kwakunye namanqaku eengxelo zemali nesishwankathelo semigaqo-nkqubo ebalulekileyo yokunik'ingxelo.
2. Uluvo lwam lokokuba ezi ngxelo zemali zibunika ngobulungisa ubume bezemali beli ziko ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2021 kwaye ukusebenza kwemali nokungena kwemali kweli ziko kunyaka ophelileyo kungqinelana nemikhwa eyamkelekileyo yokunik'ingxelo (Imigangatho yeGRAP yaseMzantsi Afrika) kwanezinto ezifunwa nguMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente woku-1 ka-1999 (iPFMA).

Isiseko soluvo

3. Olu phicotho-zincwadi ndilwenze ngokungqinelana nemigangatho yehlabathi yophicotho-zincwadi (ISA). Uxanduva endinalo phantsi kwale migangatho lucaciswa banzi kwicandelo lengxelo yomphicothi-zincwadi jikelele kuphicotho-zincwadi lweengxelo zemali.
4. Andinabudlelwane neli ziko ngokungqinelana nemiyalelo yekhowudi yeenqobo ezisesikweni zabacwangcisi-mali abanobuchule (*kuquka iMigangatho yokuzimela yehlabathi*) yeBhodi yeenqobo ezisesikweni zehlabathi zabacwangcisi-mali (ikhowudi yeIESBA) kwakunye nezinto eziyimfuneko zeenqobo ezisesikweni eziyimfanelo kuphicotho-zincwadi endilwenzayo eMzantsi Afrika. Ndiluzalisekisile uxanduva lwam lweenqobo ezisesikweni ngokungqinelana nezi zinto ziyimfuneko kwakunye nekhawudi yeIESBA.
5. Ndikholelwa ekubeni ubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo banele yaye bufanelekile ukuze ndikwazi ukuseka uluvo lwam.

Uxanduva lwegunya elithabath'uxanduva kwiingxelo zemali

6. Ibhunga ekulilo igunya elithabath'uxanduva kweli ziko linoxanduva lokulungisa nokunik'ingxelo zemali ngobulungisa ngokungqinelana nemigangatho yaseMzantsi Afrika yeGRAP kwakunye nezinto eziyimfuneko kumthetho iPFMA nolawulo lwangaphakathi olufunekayo olumiselwa ligunya elithabath'uxanduva ukuze likwazi ukulungisa iingxelo zemali ezingenamposiso, ezenziwe ngobuqhinga okanye ezenzeke ngempazamo.
7. Xa igunya elithabatha uxanduva lilungisa iingxelo zemali zeziko linoxanduva lokuvavanya ukubanako kweziko ukuqhubeka ngoshishino lize lidalule imiba enxulumene neshishini eliqhubekayo lisebenzise isiseko seshishini eliqhubekayo sokunik'ingxelo ngaphandle kwaxa igunya elilawulayo linenjongo yokuliphelisa ishishini okanye likuyekise ukusebenza kweziko okanye xa lingenalo elinye icebo elisebenzayo ngaphandle kokwenjenjalo.

Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele kuphicotho lweengxelo zemali

8. Iinjongo zam kukufumana ingqiniseko efanelekileyo yokokuba iingxelo zemali zinemosiso enkulu kusini na eyenziwe ngobuqhinga okanye ngempazamo, nokukhupha ingxelo yophicotho-zincwadi ekuqala uluvo lwam. Ingqiniseko efanelekileyo iyinqiniseko ekwinqwanqwa eliphezulu kodwa ayisiso isiqinisekiso sokokuba uphicotho-zincwadi olwenziwe ngokungqinelana nemigangatho ye-ISA lusoloko iyibhaqa ngamaxsha onke impazamo eyenziweyo xa kunikwa ingxelo. Iimposiso kwiingxelo zenziwa ngobuqhinga okanye ngempazamo yaye zithatyathwa njengeziphathekayo xa zinokuthi zizodwa okanye xa zidityanisiwe zibe nempembelelo kwizigqibo zoshishino ezisekelwe kwezi ngxelo zemali.
9. Ingcaciso enabileyo ngoxanduva lwam kuphicotho-zincwadi lweengxelo zemali ifakwe kwisihlomo esikwixelo yomphicothi-zincwadi.

Ingxelo yophicotho-zincwadi lweengxelo yokusebenza yonyaka

Intshayelelo nomda

10. UMthetho woPhicotho-zincwadi kuRhulumente wama-25 ka-2004 (iPAA) kunye nesaziso jikelele esikhutshwe ngokwalo mthetho unika umphicothi-zincwadi uxanduva lokuxela ukuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ngokuzithelekisa neenjongo ezimiselwe ngen'engaphambili zeenkqubo ezikhethiweyo nezinkwe kwingxelo yonyaka yokusebenza. Ndisebenzise iinkqubo zokwalatha imiba efun'ukuphandwa ephathekayo ingezizo ezo zokuqokelela ubungqina ukuze ndinike ingqiniseko.
11. Iinkqubo zam zijongana nokuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezinikiweyo ezisekelwe kumaxwebhu eziko aphunyeziweyo ochwangciso lokusebenza. Izalathisi zokusebenza ezikumaxwebhu ochwangciso andizivavanyanga ukuze ndifumanise ukuba zingqinelane oyaye zifanelekile kusini na. Iinkqubo zam aziyivavanyi into yokokuba imisebenzi eyenziwe liziko iyincedisile kusini na iinkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo eluntwini. Iinkqubo zam azifikelelanga kudandalaziso okanye kumabango anxulumene nobungakanani bempembelelo kulo nyaka okanye kwizicwangciso zokusebenza nakwiinkcukacha zexesha elizayo ezinokuthi zifakwe njengexalenye yeenkcukacha zokusebenza ezixelwayo. Iziphumo endizifumeneyo aziyifaki le miba.
12. Ndivavanye ukuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ngokungqinelana nenkqubo eveliswe kwinkqubo-sikhokelo yolawulo lokusebenza nokunik'ingxelo ecaciswe kwisaziso jikelele senkqubo yesi-2 – uphuhliso loshishino esikwixelo yonyaka yokusebenza yeli ziko yonyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2021.
13. Ndenze iinkqubo zokufumanisa ukuba iinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zinikwe ngokufanelekileyo kusini na kwanokuba ukusebenza kuyangqinelana namaxwebhu avunyiweyo ochwangciso lokusebenza. Ndenze ezinye iinkqubo zokufumanisa ukuba izalathisi neenjongo ezinxulumene nazo zinokulinganiswa yaye zifanelekile kusini na ndaza ndavavanya ukuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ukuze ndibone ukuba zisemthethweni, zichanekile yaye zigqibelele.

3. Ingxelo enikwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele ngePlayhouse Company (iyaqhutywa)

Inkqubo 2 – Uphuhliso loshishino

14. Ayikho imiba efun'ukuphandwa ephathekayo endiyifumeneyo kumba wokuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezinikwe licandelo lophuhliso loshishino

Eminye imiba

15. Ndigxininisa le miba ilandelayo.

Ukuphumeza iinjongo ezicwangcisiweyo

16. Ingxelo yokusebenza yonyaka ekwiphepha lama-27 ukusa kwelama-38 idandalazisa iinkcukacha malunga nokuphunyezwa kweenjongo ezicwangcisiweyo zonyaka.

Ukulungelelanisa iimposiso eziphathekayo

17. Ndifumanise iimposiso eziphathekayo kwingxelo yokusebenza yonyaka ebendiyiphicotha. Ezi mposiso ziphathekayo zifumaneke kwiinkcukacha zokusebenza ezixelwe kwicandelo lophuhliso loshishino. Abaphathi bazilungisile ezi mpazamo ndaza andaziphakamisa njengemiba efun'ukuphandwa xa ndijonga ukuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo.

Ingxelo yophicotho-zincwadi malunga nokuthobela imithetho

Intshayelelo nomda

